AMAHEBHERE, ISAHLUKO SESIHLANU NESESITHANDATHU [1]

. . . se—seNcwadi yamaHebhere. Emva koko sifike kwi-7, ububingeleli bukaMelketsedeki. Kuze emva koko singena, ukusuka kububingeleli bukaMelketsedeki, ukuya kalamihla mikhulu yesicamagushelo, nokwahlukanisa, ukwahlulwa kwezicamagushelo. Emva koko ukuya kwesa sahluko sikhulu sokholo, isahluko se-11; kunye nesahluko se-12, "Ukubeka ecaleni wonke umthwalo." Nesahluko se-13, "Ela Khaya likaNaphakade elingakhiwanga ngazandla zamntu; kodwa uThixo, yedwa, owenze eliKhaya likhulu." Injani ukumangalisa!

2 Ndiyavuya ukubona udade wethu emva phaya, osandula kungena enkonzweni. Ndimbonile yena kunye nomyeni wakhe. Izolo, besisendleleni yethu ukunyuka, ukunqumla kwindawo e . . . Ndacinga ukuba bendisazi yonke imfanta encinci negophe, ngokuba ngunogada wamahlathi apha e-Indiana, nokugada ngokujikeleza iminyaka eliqela. Bendisazi yonke indawo. Kodwa bendinakho ukulahleka izilo, phezulu phaya apho bebekho, kumphezulu wenduli, indlela entsha.

3 Kwaye inenekazi lalinomhlaza emiphungeni, yaza iNkosi ngokuqinisekileyo yamphilisa umfazi. Sathabatha . . . Owu, kwaye nendlela ethe yeza ngayo, sasihleli phaya. UMzalwana uRoberson, usenokuba ngaphakathi, namhlanje. Ndibona umfazi wakhe, kunye noMzalwana uWood, ongaphakathi. Kwaye sasiphezulu phaya ngaphakathi kwisigadla esidala, uMzalwana uRoberson kunye nam, noMzalwana uWood. Kwaye safumana esi sigadla, sanyukela phaya, kumphezulu wenduli. Kwaye phaya iNkosi yabonisa umhlaza ngokuqinisekileyo. Saza emva koko sema phaya sawubukela ushiya umfazi. Ngamehlo ethu, sema saza sawubukela ushiya umfazi. Waza watsalela umnxeba umfazi kaMzalwana uWood; kwaye wayendixelela, wayetsica lanto imnyama ngenene. Kwaye nanku elapha ngale ntsasa, ehleli emva ebandleni, yena kunye nothandekayo umyeni wakhe, benexesha elimnandi eNkosini. Akamangalisi Yena?

4 Kwaye bendingayazi ukuba i . . . Apha, ngesiqhelo, abantu abakhoyo, kunqabile ukuba imibono yenzeke apha. Eli likhaya lam. Kwaye, nditsho, ebandleni.

5 NgeCawa, iveki, si . . . Bangaphi ababelapha ukuza kubona indoda kwisitulo samavili? Imfama, isiqhwala, ongakwazi kuxhathisa, kunye nemithambo luvo yengqondo imkile, kwaye abakwaMayo bebemncamile. Kunye—kunye nothile ugqirha womKatolika isihlobo sam samthumela ngentla apha. Kwaye

phambi kokuza enkonzweni, iNkosi yanikeza umbono wendoda. Niyakwazi nonke okuya. Kwaye phaya indoda yaphiliswa, ngo ITSHO INKOSI. Yabona? Yaza yaphakama, yaphuma, yathabatha isitulo sayo samavili, yayinakho ukubona njengoko unakho okanye ndinakho. Yaza yaphumela ngaphandle esakhiweni iqhuba isitulo sayo, kakuhle. Kwaye ukuxhathisa kwemithambo luvo . . . Niyazi, akunakuzibamba, yabona, akunakho nje. Kwaye iminyaka ihleli.

6 Kwaye izolo xana ndafikayo phaya, inenekazi lalinephupha lokubona mna ndingena, nje ngentsimbi yesibini, lachazwa "linomhlaza," kwaze emva koko, "INTSHO INKOSI, 'laliphilisiwe.'" Kwaye—kwaye lavuswa, kwaye nje yayiyintsimbi yesibini ngqo. Waze uMoya weNkosi wehla, kwaye naliya eliya—eliya phupha awabanalo, yaze iNkosi yanika utoliko. Kwaye waphiliswa kanye phaya kulandawo, kanye phaya apho sasibukele. Injani ukumangalisa!

7 Andinakho ukulicinga igama lakhe. Ngubani? Ungubani igama lakho, dade? Walton, Dade Walton, ehleli emva phaya. Ungaphakama nje, Dade Walton? Ndifuna ukukubuza uziva njani. [UDade Walton uthi, "Iyamangalisa nje."—Mhl.] Amen. Kuhle oko, kulungile kwaye kubukeka. Ulunge kangako, ukuba asisikelele ngala ndlela. Ke silindele okugqithisileyo, okuninzi, komlinganiselo omkhulu kaThixo.

8 Ugqirha ukufihlile oku kuye. Umxelele ukuba "ube ephefumla kuphela ngecala elinye." Yintoni ebiyiyo, umhlaza ubukhule ukunqumleza kwaye wanqamla ukuphefumla kwelacala lomphunga, niyabona. Akunakubona umhlaza nge x-ray, ngokuba umhlaza yiseli, ngokwayo, kwaye ibu—ibubomi. Kwaye wena—wena—wena nje—wena—wena nje ujonga kanye ukudlula kumhlaza, ngayo i-x-ray. Akuwuboni.

9 Kwaye, kodwa iNkosi ngokwenene ithe . . . Siye sema phaya saza sawubukela, ngokwethu, ngamehlo angawethu. Sawubukela ushukuma, kwaye sawubona usimka, ngamehlo angawethu. Ke, sinombulelo kakhulu ngokuya.

10 Kwaye Ngoku, sithandazeleni, ngale veki, ngelixa simkileyo. Kwaye uMzalwana uNeville mhlawumbi uyakuthabathisela apho ndishiye khona, ukwenzela inkonzo yobusuku bangoLwesithathu. Sanukuyiphosa yona ngoku, kwelikhonco likhulu leNcwadi yeSityhilelo.

11 Ndiyayazi imithandazo emininzi ibe yenziwe, kwaye si—siyayazi ukuba uThixo uyayiva imithandazo. Kodwa thina, ngale ntsasa, sifuna ukwenza nje umthandazo omncinci ngaphambi kokufunda iNcwadi. Ngoku, nabani onakho, angafunda iNcwadi *ngale* ndlela, okanye angavula *ngale* ndlela. Kodwa ithabatha uThixo, yedwa, ukuvula umqondo, kuba Yena ukuphela Kwakhe Onokuyenza.

Ke masiqubude iintloko zethu umzuzwana.

12 Ngoku, Bawo, eGameni loWakho othandekayo uNyana, iNkosi uYesu, siza ngokuthobeke kakhulu ngoku ukuzithoba, njengezicaka Zakho, okokuba Uyakuthetha ngathi. Yolusa imilebe ethethayo neendlebe ezivayo, okokuba iLizwi libenokuthethwa nguThixo lize liviwe nguMoya, ebantwini. Siphe oko, Bawo. Wanga Angathabatha iLizwi likaThixo alungiselele kuthi njengoko sinesidingo, kuba sikucela oko eGameni Lakhe nokwenzela uzuko Lwakhe. Amen.

13 Ngoku, ukufunda oku ngale ntsasa, siyafundisisa. Asi—asishumayeli; nje ukufundisisa le Ncwadi yamaHebhere. Bangaphi abayonwabeleyo? Owu, sinexesha elimnandi! Kwaye ngoku nje ukufundisisa ngokusondeleyo, iSibhalo phezu kweSibhalo. Ifanele . . . Yonke, iBhayibhile iyonke inxibelelane ngokudibeneyo. Akukho nalinye iLizwi elingekho ndaweni Yalo, ukuba Libekwe ngokudibeneyo nguMoya oyiNgcwele.

14 Ngoku, umntu uthe, "IBhayibhile iyaZiphikisa." Ndifuna ukubona yona. Ndabuza, amashumi amabini anesihlanu eminyaka, oko, kwaye akukho namnye owakhe wandibonisa kude kube ngoku. IBhayibhile ayiziphikisi. Ukuba injalo, asiyiyo iBhayibhile. Omkhulu, ongenasiphelo uYehova akaziphikisa Yena Siqu Sakhe, ke akukho kuziphikisa eBhayibhileni. Kukuqonda ngokuphosakeleyo nje kwabantu.

15 Ngoku ukwenzela imvelaphi encinci, side sibuyele emva. Ngoku, iNcwadi kumaHebhere yayibhlawe nguPawulos oNgcwele, kumaHebhere. Wabhalela enye kuma Efese, abo yayigabantu e-Efese, iBandla lamaKristu; enye kumaRoma eRoma; kunye nenye kumaGalati; kunye nenye kumaHebhere.

16 Ngoku, siyaqaphela ukuba uPawulos, ekubeni engumfundisi weBhayibhile, into yokuqala. Oko koko sikufundileyo. Okokuba wahlala phantsi komfundisi omkhulu, omnye wabakhulu bomhla wakhe, uGamaliyeli. Kwaye wayefundisisile kwiTestamente Endala. Wayeyazi yona kakuhle. Kodwa waba ngumtshutshisi wendlela eyayiyiNdlela kaKrsitu, ngokuba wayeqeqeshiwe kwiTestamente Endala phantsi kwabafundisi. Kodwa abafundisi, basoloko besenyameni . . . Ndiyathemba anditsho nanye into ngokungalunganga.

17 Kodwa, kusoloko, ukuba indoda inemfundiso nje kunye nendlela yezikolo, isoloko iyinto eyenziwe ngumntu. Yabona, ayiphefumlelwanga, ngokuba iba yimfundiso yesikolo. Sinayo namhlanje. AmaRhabe, amaLutere, amaPentekoste, zonke ezi zikolo zinolwazi lwazo lwengqondo, kwaye babhijela nje iZibhalo koku.

18 Kwaye yayiyinto enye kwiTestamente Endala. Kodwa, uPawulos, ekubeni eqeqeshisiwe kakuhle, kwaye ezazi iZibhalo ngelizwi. Kodwa, uyabona, iZibhalo, akukhathaliseki uzazi kakuhle kanjani Zona, ukuba uMoya awuzidlisi bomi Zona, ngoko umbhalo uyabulala. UMoya unika uBomi. Yabona,

Ifanele idliswe ubomi, okanye yenziwe iphile, ngoMoya. Ukuba uMoya awuvuseleli iLizwi uze ulenze Lona inene kuwe, ngoko umbhalo bubukrelekrele nje. Apho kulapho sinabaninzi abazibiza amaKristu namhlanje, okanye bezibiza amaKristu, lolwaqulunqo lobukrelekrele ngoKristu.

19 Ngoko siphuma ecaleni, "Ke, ufanele eve into ethile; kwaye ufanele wenze into ethile." Kwaye, owu, siyakufika kuko konke okuya, emva kwethuba. Omnye kufanele akhwaze. AmaWisile ayeqhele kufanele akhwaze, phambi kokuba abenayo. AmaPentekoste kwakufuneka athethe ngeelwimi phambi kokuba abenayo. Kwaye, owu, abanye babo, abaBhijabhiji, babeqhele ukubhijabhija. Ehe. Omdala . . . Babeyakunyuka besehla, amadoda ecaleni elinye, abafazi kwelinye. Yabona? Ababhijabhiji. Emva koko uMoya oyiNgcwele uza kubo uze ubashukumise. "BabenaWo." Kodwa zonke nje zinto ezincomekayo. Akukho nanye kuyo iyiNyaniso.

20 UThixo uphila eLizwini Lakhe. "Ukholo luza ngokuva, ukuva iLizwi." "Ngokholo usindisiwe, ngalo ubabalo." Hayi nangayiphi into, nokuba uyabhijabhija, okanye uthetha ngeelwimi, okanye nokuba kwenzeka ntoni. Oko akunanto yakwenza kulo, konke konke. Wathi uYesu, "Lowo uwevayo aMazwi aM aze akholwe kuLowo owaNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade. Lowo ulivayo iLizwi laM aze akholwe," lidliswe ubomi kuye, "unoBomi obunguNaphakade." Nantso. Akukhathaliseki yintoni encinci oyenzayo.

21 Ngoku, andichasananga nokubhijabhija, okanye ukuthetha ngeelwimi, okanye ukubhijabhija, owu, okuya—okuya kukhwaza. Konke kulungile. Konke kuhle. Kodwa oko zizibonakaliso kuphela. Yabona? Ndinganinika i-apile lisuka emthini, kwaye noko ubungasayi kubanawo umthi. Yabona? Wena . . . Zizibonakaliso.

22 Ukuxoka, ukuba, ukusela, ukutshaya, ukungcakaza, ukukrexeza, oko ayisosono, oko zizibonakaliso zokungakholwa. Yabona? Oko koko wena—wena . . . Uyakwenza oko ngokuba ungumoni. Yabona? Kodwa kuqala ungumoni. Yilonto ekwenza wenze oko, ngokuba awukholwa. Kwaye ukuba uyakholwa, ngoko akukwenzi oko. Ngoko unothando, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ukulunga, ububele, ubulali, umonde. Eso sisiqhamo sikaMoya oyiNgcwele. Yabona?

23 Ke sinezinto ezincinci, imizwa emincinci, kungokuba lamntu uphume ecaleni kwendala, ekhandiweyo indlela yeLizwi. LiLizwi. "Ukholo luza ngokuva."

24 Ke xana uPawulos . . . UThixo wakhetha uPawulos. Umntu wakhetha uMatiyas. Xana wa . . . Baphosa amaqashiso, kodwa akazange enze nanto. Oko kubonisa yintoni amandla icawa eyayinawo ngoko, ukwenza ukhetho, ukukhetha amadikoni abo,

ize ithumele abashumayeli bayo kwiindawo ezahlukeneyo. Oko kungokwasenyameni, amaxesha amaninzi.

25 Mayithi indoda iye apho uThixo ayikhokelela ukuba iye khona. Ndiyakuthanda oko. Ukuba abantu enkomfeni nje bathi, "Kuhle, nantsi icawa entle. Lo mzalwana wakhe icawa entle. Kwaye sinesilulami esincinci." Bayakumthumela ngaphaya kule cawa. Abayiqondi ukuba bayazibulala. Yabona? Indawo yokuqala, ukuba la ndoda ingena phaya, ayinakuzalisa landawo yalandoda. Emva koko benza buthathaka icawa, ukuzama ukubonisa inceba yokwenzelelela isilulami esithile. Yasoloko ingala ndlela.

26 Kodwa ndikholelwa kwigunya elongamileyo lebandla lasekuhlaleni. Ewe. Ibandla ngalinye malizilawule, likhethe umalusi walo, amadikoni, alo, nantoni na. Kwaye emva koko, ngala ndlela, indoda ephakathi phaya ayinabhishopu phezu kwayo. UMoya oyiNgcwele ufuna ukuthetha into ethile kwela bandla, akudingeki babuze umntu othile malunga nokuba banakho ukwenza *oku* okanye ukwenza *okuya*. Ngumntu ngamnye ekuqhagamshelano noMoya oyiNgcwele. Ndibonise ngeBhayibhile yintoni enkulu, eBhayibhileni, kunomdala wasekuhlaleni kwibandla lasekuhlaleni? Injalo lonto, ewe, mhlekazi, ukuzimela geqe kwebandla lasekuhlaleni, ibandla ngalinye lizimele. Ngoku, ubuzalwana, oko kuhle kakhulu. Onke amabandla afanele abe kubuzalwana ngolwa hlobo, ngokumanyeneyo. Kodwa ukuzimela geqe kwebandla lasekuhlaleni!

27 Qaphela uPawulos, ekubeni engumphathi omkhulu womfundisi, eqeqeshiwe kakuhle, endleleni yakhe ukuya eDamasko, ngenye imini, ukuya kubamba abantu ababekuleNdlela intsha. Ngoku, wayenyanisekile. UThixo akakugwebi ngonkunyaniseka kwakho. Andizange ndabona nabani abanyanisekileyo abantu ngaphezulu kunabahedeni. Abaninzi babo bade babulale abantwana babo, elizeni, ukwenzela—ukwenzela idini kwisithixo. Asikokunyaniseka. Indoda ingathabatha i-asidi yecarbolic, ngokunyanisekileyo, icinga ibithabatha nto yimbi. Ukunyaniseka akukusindisi. "Kukho indlela ekhangeleka intle emehlweni omntu, kodwa ukuphela kwayo ziindlela zokufa."

UPawulos wayenyanisekile xana wanikeza ubungqina, kwigunya lakhe, ukuba kuxulutywe uStefano. Kamva kwiminyaka, ndiyakuthanda ukucela uxolo kukaPawulos, wathi, "Andikufanelanga ukubizwa umfundi okanye ukubizwa umpostile, ngokuba ndalitshutshisa iBandla kwada kwaya ekufeni." Ngokunyanisekileyo!

28 Kwaye endleleni yakhe ukwehla, wafumana amava. UMoya oyiNgcwele wavela ukwiNtsika yoMlilo enkulu, kwaye Wamphanyaza. Ngoku sigqithile kokuya, laa Ntsika

yoMlilo yayinguKristu. Kwaye UseyiNtsika yoMlilo ekwanye eyakhokelela abantwana ukugqitha entlango. UKristu wayenguThixo, kwaye uThixo wayenguKristu. UThixo wenziwa inyama waze wahlala emzimbeni weNkosi uYesu. "UThixo wayekuKristu, exolelanisela ihlabathi kuYe," ebonisa oko Wayekuko.

29 EBhayibhileni emva apha, kwimiqolo egqithileyo besifunda, ukuba, "Wazenza Yena waba ngaphantsi kuneeNgelosi. Wathabatha isimo, hayi eseeNgelosi, kodwa wathabatha isimo senyama." IiNgelosi zange zawa, azidingi ntlangulo. Inyama yawa, abantu, kwaye babeyidinga intlangulo. Ke, kwimithetho emidala, indoda, ukuze ibe ngu—ngumhlanguli, kuqala bekufuneka ibe sisizalwana; iNcwadi enkulu kaRute, sigqithile apha, kwixesha elithile eligqithileyo. Kwaye indlela athe uThixo, ekubeni enguMoya, wayenziwe isizalwana kunye nathi, ngokuba abe ngomnye wethu, ukuze asihlangule aze asinike uBomi obunguNaphakade. Kwafuneka abe sithi, ukuze thina ngobabalo sibe nokuba njengaYe.

30 Kwaye siyafumanisa iNtsika yoMlilo yakhokela abantwana bakaSirayeli. Kwaye xana Yayenziwe inyama apha emhlabeni, siva Yena ethetha ngenye imni, kwaye Wabanga ukuba WayeyiNtsika yoMlilo. Bathi, "Uthi umkhulu kunobawo wethu u-Abraham?"

31 Wathi, "Ngaphambi kokuba u-Abraham wayekho, NDINGUYE." Yayingubani u NDINGUYE? INtsika yoMlilo etyholweni elivuthayo, isikhumbuzo esingapheliyo ukuqhubeka sonke ngasinye isizukulwana; hayi kuphela esiya sizukulwana, kodwa esi sizukulwana, iNtsika yoMlilo ekwanye. Kwaye sinombulelo ngale ntsasa wokuba sinawo kwa ukuba nawo umfanekiso waYo, wokuba akakhange Waguquka. UngoNgenakufa, onguNaphakade, Lowo Usikelelekileyo. Wenza izinto ezikwazinye ngoku awathi Wazenza ngoko, kwaye indlela esenza sizive sivuya ngayo.

32 Kodwa ngaphambi kokuba uPawulos abe uyakwamkela la mava...Esazi ukuba iNgelosi yeNkosi yayiyiNtsika yoMlilo, ntoleyo yayinguKristu, i...Kuhle, Waye eyiNgelosi yoMnqophiso, eyayinguKristu. UMoses wacinga ngcono, okokuba, wakhetha ukuva ubunzima beenkxwaleko kunye nabantu bakaKristu, kunye nokukhokelwa nguKristu, kunabo bonke ubutyebi baseYiphutha. Walandela uKristu, owayekwisimo seNtsika yoMlilo.

33 Emva koko uKristu wathi, "Ndiphuma kuThixo," xana Wayelapha emhlabeni, "Ndibuyela kuThixo." Emva kokufa Kwakhe, ukungcwatywa, uvuko, umzimba ozukisiweyo uhleli ngasekunene koSomandla, ukwenza ungxengxezo; UPawulos waMbona njengeNtsika yoMlilo, kwakhona: ukuKhanya okwakhupha amehlo akhe, phantse; kwambetha wayimfama.

34 UPetros waMbona esiza ejele njengokuKhanya, waza wavula iingcango phambi kwakhe njengoko wayephuma. Siyafumanisa ukuba Wayengu Alfa no Omega, iSiqalo neSiphelo.

35 Kwaye nanku Yena enathi, namhlanje, esenza izinto ezikwazinye Awazenzayo ngoko, ezenza Yena abonakale emva kuthi, eyibonisa kwihlabathi lenzululwazi.

36 Owu, kule yure inkulu yobumnyama nembhudumbhudu phezu komhlaba, sifanele sibe ngabona bantu bavuyayo kumhlaba wonke, ukuvuya, ukwazi. Lonke ixesha, xana abantu bexhinkxwe ngolwazi, nazo zonke iintlobo ze isms kunye nezinto emhlabeni, kwaye noko, namhlanje, owenenene, ophilayo uThixo, ngeLizwi Lakhe kunye nobubonakalayo ubungqina Bakhe, uyasibonisa ukuba Yena ulapha kunye nathi, esebenza, enyakama, ephila, esenza nje ngqo njengoko Wabe esoloko esenza. Abanjani ukuba nenyhwaba abantu esingabo, ukuba sibe noku! Sifanele si . . . IBhayibhile ithe, ngoko, kwisahluko se-2, "Kufanele sibambelele kwezi zinto. Ngokuba, siyakusinda njani ukuba sihilizela olungako usindiso?"

37 Ngoku, siyeza size sifumanise, phambi kokuba uPawulos waba nokwamnkela la mava . . . Ngoku, siyagxininisa. Ngoku, akukhathaliseki nokuba luhlobo olunjani lwamava owakhe wanayo, icawa, ndifuna ukubuza into ethile. Akukhathaliseki ijongeka ntle njani, ibonakala iyeyenene njani, ifanele kuqala ivavanywe ngeBhayibhile. Soloko eLizwini! Ungaze ukushiye oKuya, ngenxa yawo nawaphi amava.

38 Kwaye uPawulos, ngaphambi kokuba awamnkele wona, waya ezantsi e-Arabhiya, kwaye phaya wahlala iminyaka emithathu, evavanya lamava ngeLizwi. Kwaye xana wabuyela emva, wayeqinisekile. Akukho nto yayinokumcaphukisa, kuba wayeqiniselwe eLizwini, enganakushukunyiswa. Kwaye apha kulapho ajikayo ngoku ukubonisa kula maHebhere, ezo zinto zinkulu ezazithethiwe, zeTestamente Endala, zabonakaliswa kuYesu Kristu. Olunjani uzuko!

39 Ngoku, kwiCawa egqithileyo, okanye kuLwesithathu ogqithileyo, umzalwana uNeville ngaphakathi apha, kwisahluko se-5, ubethe ezona ndawo ziphezulu, kuba ibisisahluko esimangalisayo. Kwaye simfumana equbisana kwisahluko se-4, kwiCawa egqithileyo, kwi*Sabatha*, ukugcinwa kweSabatha. Uqinisekile, ngale ntsasa, niyayazi yintoni ukugcinwa kweSabatha okukuko? Ukuba niyakwazi, yithi, "Amen." [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

40 I*Sabatha* lu "Phumlo" esingena kulo, hayi ngosuku, hayi ngomthetho, kodwa ngokungena kuKristu oyiSabatha yethu. UyiSabatha yethu. Sihamba ngayo nge Testamente Endala, saza sabonisa ukuba ixesha liyakuza xana iLizwi liyakuza "umgca phezu komgca, ummiselo phezu kommiselo." Kwaye Wabonakalisa ukuba sangena kuPhumlo Lwakhe ngoMhla

wePentekoste, “Kuba kuyakwenza abadiniweyo baphumle, bayeke.”

41 Siyafumanisa, ukuba, “UThixo ubeke umhla kuDavide, malunga nosuku lwesixhenxe.” Kwaye, “UThixo waphumla ngosuku lwesixhenxe.” Walunikela ku—kubantwana bakaSirayeli entlango. “Kwaye kwakhona, Wabeka umhla.” Yayingowuphi umhla? Usuku oluthile evekini? “Umhla xana usiva iZwi Lakhe, musa ukuyenza lukhuni intliziyo yakho.” Lowo ngumhla Angena ngawo, ukukunika uxolo lwaNaphakade, iSabatha yaNaphakade.

42 Akuyi ecaweni ngeCawa, ukuze ube ngowenkolo, emva koko. Xana uzalwa ngoMoya kaThixo, ungena kuPhumlo lwaphakade, akukho kugcinwa kwasabatha. U*kwi*Sabatha, ngokuqhubekekayo, ixesha elide, kunye Naphakade. “Imisebenzi yakho yobuhlabathi igqityiwe,” itsho iBhayibhile, “kwaye ungene koluxolo olusikelelekileyo.”

43 Ezi zahluko zokuqala zintlanu zibeka ngokwendawo uYesu njengoMbingeleli oMkhulu. “UThixo kumaxesha akudala nangeendawo ezahlukeneyo wathetha koobawo ngabaprofeti, kodwa kulomhla ngoNyana Wakhe, uYesu,” isahluko so-1, umqolo wo-1.

44 Ngoko ukwehlela ukuya ekupheleni kwesahluko se-5, sifumanisa Yena emelwe njengo Melkitsedeki, Owayengenasiqalo samihla, enganasiphelo sabomi, kodwa eqhubekeka uMbingeleli okoko. Yicinge. Yayingubani le Ndoda ibalulekileyo? Sizakuyifumana, malunga nezahluko ezibini ngaphezulu, ubomi Bake bonke, sizakubufundisisa: Le Ndoda ibalulekileyo eyahlangana no Abraham, Engazange yaba naye namnye utata, zange ibe naye namnye umama, Ayizange ibe nalo nalinye ixesha Eyakhe yaqala ubomi, okanye Ayisokuze ibe naxesha Eyakuthi iphelise ubomi. Kwaye Yahlangana no Abraham esuka ekubalaleni ukumkani.

45 Qaphela loMntu ubalulekileyo, Nabani na Awayenguye, usaphila. Wayengenasiphelo sabomi. YayinguKristu, awahlangana naye. Siya kwisifundo esinzulu sokuya, kwiintsuku ezimbalwa.

46 Ngoku, sifuna ukuqalisa ngapha kwisahluko se-5 ngoku, nje ukwenzela imvelaphi encinci phambi kokuba sibethe i—isi-6, kuba ngenene iyinto ebalaseleyo. Qaphelisisa. Sizakuqalisa malunga nomqolo we-7 wesi sahluko. Kuhle, masiqaliseni kumqolo we-6.

> *Njengokuba esithi nakwenye indawo, Wena ungumbingeleli ngonaphakade ngokohlobo lukaMelkitsedeke.*
>
> *Owathi ngemihla yenyama* yakhe, *xana wa . . . sondenza izikhungo kwanezibongozo nodanduluko olunamandla . . . iinyembezi kulowo . . . yayi*nguye

wayenakho ukumsindisa ekufeni, kwaye waviwa ngenxa yokuhlonela kwakhe;

Nakuba eben*guNyana, noko wafunda . . . ukululama ngobunzima awabuvayo;*

47 Ngoku naku apho ndifuna ukufika khona, lomqolo we-9. Phulaphulani. Ndiyaqikelela ukuba uMzalwana uNeville uyibethile, ngoLwesithathu. Bendingekho apha. Ke, phulaphulani.

Waza ekubeni enziwe wagqibelela, waba yimbangi yosindiso olungunaphakade kubo bonke abamlulamelayo;

Ebizwe nguThixo ukuba abe ngumbingeleli omkhulu ngokohlobo lukaMelkitsedeke.

Esineendawo ezininizi zokuthetha, . . .

48 Siyishiye phaya kokuya, kuba sizakuthabatha uMelkitsedeki kubusuku obumbalwa.

49 Ngoku sizakuqalisa koku, isifundo sethu sesiqhelo. Ndinqwenela . . . Ndiyakufunda nje konke koku okomzuzu, umqolo we-11.

Esinezinto ezininzi zokuthetha ngaye, . . . ezilukhuni ukuchazwa, ekubeni nina naba buthuntu ekuveni.

Kuba nakuba . . . ixesha ebekufanele ningabafundisi, ni*dinga ukuba omnye anifundise kwakhona iziqalelo zokuqala zezihlabo zikaThixo; nesuka nabangabafanele ukusezwa ubisi,* endaweni *yokudla okuqinileyo.*

Kuba bonke abasebenzisa ubisi abanamava elizwi lobulungisa: kuba ulusana.

Owu, ndiyathemba ukuba uMoya oyiNgcwele ukuthabathele oko ezantsi emazantsi enu ngoku.

Kuba lowo *u—u*sebenzisa *ubisi akanamava elizwini lobulungisa: kuba* yena *ul*usana.

50 Unika usana ukudla okuqinileyo, uyakulubulala. Eso sisizathu abantu abaninzi besithi, "Aha, a—andikukholelwa okuya," baze bemke. Baseziintsana! Abanakho nje ukuqonda. Abakwazi kuqiqa laNyaniso. I—Iyababulala. Ezinkulu, ezinamandla izinto ibandla elifanele liyazazi namhlanje, kodwa akunakulifundisa Lona. Ba—ba—ba—ba—bayakukhubeka kuYo. Abayazi mabenze ntoni ngaYo.

51 UPawulos, ethetha kweliqela lamaHebhere . . . Nangoko, izifundiswa athetha kuzo ngoku, izifundiswa, abafunde kakhulu. Siyafumanisa ukuba, kwambalwa—ambalwa amathuba, abafunde kakhulu. Kodwa iMfihlelo yokomoya enzulu, ibandla lisamfamekile kuYo. Wathi, "Xana bekufanele nifundisa abanye, niselusana."

52 Owu, ndiyayazi kukho abaninzi abaphakamayo baze baphume bathi, "Owu, akundingeki ndiye ecaweni kwakhona. Makabongwe uThixo, uMoya oyiNgcwele ufikile, Ungumfundisi." Xana ufumana la mbono, akulungisanga nje. Kuba kutheni uMoya oyiNgcwele wabeka abefundisi eBandleni ukuba Wayezakuba nguMfundisi? Yabona? Kukho kuqala abapostile, abaprofeti, abefundisi, abavangeli, kunye nabelusi. UMoya oyiNgcwele ubeka abefundisi eBandleni, ukuze Abe nakho ukufundisa ngala mfundisi. Kwaye ukuba a—ayikho ngokweLizwi, uThixo akayiqiniseli, ngoko asilohlobo lulungileyo lwemfundiso. Kufuneka ingqamane neBhayibhile iyonke, kwaye nje ibe yephilileyo namhlanje njengoko Yayinjalo ngoko. Nantso into engenene ibonakalisiwe.

53 Ngoku qaphelani.

> Kodwa ukudla okuqinileyo kokwabo ba . . . bakhulileyo, *kwa nabo ngenxa* yobugcisa *basebenzisa . . . basebenzise izimvo zabo zokucalula okuhle kwanokubi.*

Yazi okulungileyo nokungalunganga, ngokucalula.

54 Ngoku qaphelani, ukuqalisa ngoku kwisifundo sethu. Le mvelaphi inkulu ngoku, masiye kumqolo wokuqala.

> *Ngoko ke masithi siyeke eyengqalo imfundiso ngoKristu, . . .*

Uthini yena? Zonke ezi zintlanu zokuqala izahluko zibe zibekwe kuKristu, ukubonisa Yena Ngubani. Ngoku sishiya ezo ziqalelo zeemfundiso ngoKristu.

55 Yintoni esimfumana Yena eyiyo? Simfumana Yena enguYehova uThixo oMkhulu enziwe wabonakaliswa enyameni. Simfumana Yena e—engumprofeti, kodwa inzaliseko yentloko buThixo ngokwasemzimbeni. WayenguYehova enziwe inyama. Kwaye umzimba, uYesu, uhleli kuphela Yena. UThixo ehleli emntwni. UThixo exolelaniswe nomntu, ngomntu, ngozalo lobuntombi lukaNyana OngoWakhe. Kwaye uYehova, uMoya, uhleli kuYe.

56 Ngoku, bangaphi abakhumbulayo imfundiso malunga nentloko buThixo, indlela esabuyela ngayo emva saza safumana uThixo njengomnyama omkhulu enayo yonke owahlukileyo uMoya, indlela Owawunguwo? Kwaye ngoko uLogos waphuma kuThixo, waba ngumzimba welizwi, kwaye oko kwakukwimo yomntu. Kwaye uMoses waWubona ugqitha, kwimfanta yeliwa. Kwaze ngoko lamzimba welizwi wenziwa inyama yomntu ngokuqinisekileyo, uKristu.

Kwaye indlela esifumanisa ngayo ukuba thina, ngobabalo Lwakhe, sinoBomi obunguNaphakade. Ngoku, igama okoko li "okomgama; isithuba sexesha." Lithi, eBhayibhileni, "Okoko *na* okoko," isihlanganisi. Kodwa *okoko* kuphela kuthetha "ixesha."

Kodwa uNaphakade uthetha okoko. Kwaye kuphela yonke into enesiqalo inesiphelo, kodwa izinto ezingenasiqalo azinasiphelo. Ke uThixo akanasiqalo kwaye Yena akasiphelo.

57 Kwaye ke, ngoko ke, uMelkitsedeki, uMbingeleli omkhulu, njengendoda, Wayengenasiqalo kwaye Akanasiphelo. Kwaye xana thina, ngalamzimba welizwi, ukuba, senziwa kumfanekiselo kaThixo phambi kwehlabathi lakhe lenziwa; xana lamzimba welizwi wawenziwe inyama waza wahlala phakathi kwethu, ngoko, ngako ukufa Kwakhe, thina ngokwethu samnkela uMoya Wakhe kwaye asinasiphelo; UBomi obunguNaphakade; hayi iiNgelosi, kodwa amadoda nabafazi. Owu, mna . . . Ngandlela ithile, ukuba ndingayifumana ngendlela esinokuthi esam—esam isihlwele sibe nokuyibamba! Anisokuze nibe yiNgelosi. UThixo wenza iiNgelosi, kodwa uThixo wenza umntu. Kwaye oko uThixo akwenzayo kuphuma kuThixo, ntoleyo inguNaphakade njengoThixo enjalo. Kwaye umntu unguNaphakade njengoMdali wakhe, ngokuba wayenziwe esuka kuNaphakade.

58 Kodwa isono sinesiphelo, ukuva ubunzima kunesiphelo. Ngoko ke, akunakubakho isihogo saNaphakade. Kukho isihogo, umlilo nesalfure, siyakwazi oko, kodwa akukho sihogo saNaphakade. Kukho uhlobo olunye kuphela loBomi obunguNaphakade kwaye obuya bobukaThixo. Ukuba kufanele uve ubunzima okoko, unoBomi obunguNaphakade. Isihogo sinesiphelo, ingaba zizigidi zezigidi zeminyaka, kodwa siyakufikelela esiphelweni.

59 IBhayibhile ayitsho, naphina, ukuba bava ubunzima Naphakade, yathi, "Okoko na okoko." UYona wacinga wayesesiswini somnenga "okoko," naye. *Okoko* kunomgama okanye umlinganiselo wexesha. Kodwa *uNaphakade* kukuqhubekeka, akunasiqalo okanye isiphelo. Inje ngomsesane, isangqa. Kwaye njengoko ixesha lethu liqhubeka, sijikeleza nje kwiinjongo ezinkulu zikaThixo.

60 Injongo kaThixo yayikukwenza umntu kumfanekiselo Wakhe, ukudlelana naYe. Kwaye Wamenza yena into ebambekayo. Ngoku, isono sasizisa kwindawo yo—yo—yokonakala, kodwa oko zange kuyimise inkqubo kaThixo. Kwaye, mhlobo ongumoni, namhlanje, ukuba akuzelwanga ngokutsha ngoMoya kaThixo, unesiphelo ndaweni ithile. Kwaye isiphelo sakho yimbhudembhude, kumonakalo, nobunzima nosizi. Kodwa kuwe othe wakholelwa kwiNkosi uYesu, waza wamnkela yena njengoMsindisi wakho, inguNaphakade kanye nje ngoThixo enguNaphakade. Akunasiphelo, "Ndibanika u*Zoe* onguNaphakade, uBomi Bakhe ukaThixo, kwaye abusokuze batshabalale okanye baze emgwebeni, kodwa ugqithile ekufeni wangena eBomini." Oko koko Wayekuko. Oko koko Azele kona.

61 Ngoku, uYesu, ekuzeni Kwakhe, kububingeleli Bakhe, akezange nje ukuba nosizi. Abantu abaninzi bayifundisa ngolwahlobo, lokuba Weza, esithi, "Ke, mhlawumbi ukuba ndiyakuva ubunzima, ndiyakuba ngu—ngu—ngumbono olusizi kwaye abantu ngokuqinisekileyo bayakuza kuM." Leyo yimpazamo. Akukho Sibhalo sako oko.

Kuba, wonke umntu oyakusindiswa, uThixo wabazi ngaphambi kokuba lakhe lasekwa ihlabathi. IBhayibhile yatsho njalo. UThixo akathandi, ngoku, okokuba nabani angathi atshabalale. Ufuna bonke beze enguqukweni. Kodwa, ekubeni enguThixo, ngolwazi lwangaphambili Wayazi.

62 Jonga kumaRoma, isahluko se-8. UPawulos wayebambile phaya, esitsho malunga nolwanyulo lukaThixo, lokuba, "U-Esawu noYakobi, ngaphambi kokuba naluphi usana luzalwe, okanye nantoni, uThixo watsho ukuba Wabazi bona kwaye Wamthiya u-Esawu waze wamthanda uYakobi," ngaphambi kokuba nayiphi yamakhwenkwe ibe ne—ibe nethuba lokubonisa umbulelo wawo, kuba Waye enguThixo. Wayazi . . . Ungongenasiphelo. Ukuba Ungongenasiphelo, Wayazi yonke intakumba, yonke impukane, yonke imbuzane, yonke into eyayiyakuba semhlabeni, Wayazi. Ungongenasiphelo, uNaphakade, ongenakufa, osikelelekileyo uThixo, onamandla onke, okhoyo ndaweni zonke, owazi konke. Akukho nto Angayaziyo. Eso sisizathu Anakho ukuxela yintoni into esiyakuba yiyo isiphelo. Wasazi isiphelo ukusuka ekuqaleni.

63 Oko kusisiprofeto lulwazi nje Lwakhe. Ungummeli oyintloko. U—Ungu—UnguMgwebi. Kwaye Uyathetha nje ku—kummeli obunye bobulumko Bakhe. Kwaye oko koko isiprofeto sisiso, esinokuyixela, ngokuba Uyayazi into ezakuba yiyo. Ngoku, nankuya uThixo esimkhonzayo. Hayi uthixo wembali, hayi nje ngamaBhuda kunye namaMohamedi, nanjalo njalo. Kowa, uThixo okho ndaweni zonke, kanye ngoku apha, ngale ntsasa, kulomnquba kanye ngoku; UYehova omkhulu, NDINGUYE, Owazibumba Yena kwintobeko, ukuze athabathe isimo senyama yesono. Nanku enguYe. Lowo nguLowo ukuhlanguleyo. Akunakubakho ongomnye, naphina, nangaliphi ixesha onokuyenza.

64 UThixo akakhange abe nabantu abathathu phezulu phaya, aze athumele omnye wabo, uNyana Wakhe. YayinguThixo, ngoKwakhe, weza kwisimo soNyana. Unyana unesiqalo, kwaye uNyana wayenesiqalo. Okokuba, abanye benu bantu abathandekayo bamaKatolika, ndinayo incwadi yenu, *Undoqo Wokholo Lwethu*, yathi, "Ubunyana bukaThixo obunguNaphakade." Uzakulichaza njani ela gama? Uzakuyenza njani ibe nembadlo? Ingaba nguNaphakade njani? AsiyoBhayibhile leyo. Yincwadi yenu, "Ubunyana baNaphakade." Abayenzi . . . Ela gama alilunganga. Kuba, nantoni engunyana inesiqalo, kwaye uNaphakade akanasiqalo,

ke asibobunyana baNaphakade. UKristu waba yinyama waza wahlala phakathi kwethu. Wayenesiqalo. Yayingebobunyana baNaphakade. Yintloko-buThixo yaNaphakade, hayi ubunyana. Ngoku, Weza kuhlangula thina, kwaye Wasihlangula.

65 Ngoku, uPawulos, engena phaya, ntoleyo ndiqinisekileyo ukuba ngezifundo ezigqithileyo niyiqondile. Siyakuya kudlula kuyo kwakhona, ngelinye ixesha, iNkosi ithandile, nje umqolo ngomqolo. Ngoku.

> *Ngoko ke ekubeni . . . siyeka imithetho-zisekelo zemfundiso ngoKristu, masiye kwingqibelelo; . . .*

66 Lonto iyabakhubekisa, ayenzi njalo? Masenze ntoni?

> . . . masi*ye kwingqibelelo; hayi ukubeka* iziseko *kwakhona . . .*

67 Qaphelani oku. Masifumane eligama "ingqibelelo." Ingaba niyayazi ukuba yindlela enye kuphela eniyakuma ngayo eBukhoneni bukaThixo? Oko, yingqibelelo. UThixo akanakunyamezela izinto ezingekho ngcwele.

68 Kwaye nina ningqongqo ngomthetho: ningaze nizingqibelelise njani ngokunokwenu, xana ningenayo nenye into yokuzigqibelelisa ngayo? Nazalelwa esonweni. Kwa ukukhawulwa kwenu kwakusesonweni. Kwa umnqweno wokuba wena ubelapha wawusisono. "Nizalelwe esonweni, nabunjelwa ebugwenxeni, neza ehlabathini nithetha ubuxoki." Ngoku nizakuma ndawoni?

69 Kuphi wena, moni, apho—apho wathi, "Ndiyakuyeka ukutshaya. Ndiyakuya eZulwini"? Uphi wena, udikidiki, hlobo lwakudala, obizwa umKristu, ozulazulayo apha nobuso obude usitsho, ukuba, "Kulungile, ndingowecawa"? Wena moni. Injalo lonto. Ngaphandle kokuba uzalwe ngoMoya kaThixo, ulahlekile. Injalo lonto.

70 Uzakuya njani eZulwini? Uthi, "Andizange ndaxoka ebomini bam." "Owu, isthandwa. Ya—yayiyiNgelosi nje, into yokuqala." Obo bubuxoki. Andikhathali ulunge kangakanani; ungumoni. Kwaye akunayo nanye into; akukho mpristi, akukho bhishopu, akukho nkulu yobhishophi, akukho pope, nanye into engenye enokukusindisa, kuba ungumkhombe okwamnye okuwo. Singena kuyo kwimizuzu embalwa. Nje ubume obukwabunye. Waye . . . upope waseRoma wazalelwa esonweni, wabunjelwa ebungwenxeni, weza ehlabathini ethetha ubuxoki, wazalwa ngenkanuko yesondo yendoda nomfazi. Uzakubufumana phi ubulungisa kokuphuma kokuya?

71 "Kuhle, utata nomama wakhe bazalwa ngendlela ekwanye, kwaye babezelwe ngendlela ekwanye, kwaye uninakhulu noyisemkhulu kunye nangasemva." Isisono, into yokuqala!

72 Ke ngubani ongatshoyo ukuthi *oku* kungcwele kwaye *okuya* kungcwele? Inye kuphela into engcwele, lowo nguYesu

Kristu, uNyana woThixo ophilayo, Owenziwa wagqibelela. Kwaye okufunwayo kuthi kukuba sigqibelele. Ngoku, sizakuba yiyo njani? Yizame, ngokwakho. Ndiyakukuthiya ukuzama ukungena eZulwini kwiimfaneleko ze, "Ndazalwa kwimizuzu emihlanu egqithileyo, kwaye ndiyaphuma ehlabathini kanye ngoku." Ndiyakulahleka. Ukuba andizange ndibe nengcinga engalunganga ebomini bam, ukuba andizange ndathetha igama elibi ebomini bam, ukuba andizange ndijonge nakweyiphi into embi, zange ndacinga nantoni embi, okanye nantoni, ndohlwayekile nje kwaye ndimnyama njengeendonga ezimdaka zesihogo. Ndingumoni.

73 Bendinokugena ebomini ndize ndihlale nditshixeleke egumbini, kwaye njengabanye oodade bamaCarmelite okanye into ethile, ndize ndingaze ndilibone ihlabathi, ndihlale phaya ndize ndithandaze bonke ubomi bam, ndenze okulungileyo, ndizalwe ndingusozigidi ophindeneyo ndize ndinikele kumahlwempu yonke into endinayo, kwaye futhi ndisengumoni kwaye ndiyakuya esihogweni. Ewe, mhlekazi.

74 Ndingajoyina icawa yobuLutere, Bhaptizi, Pentekoste, Rhabe, xana ndikumqulu wabantwana ebadleni, ndize ndiphile nyanisekileyo kwelabandla kude kube likhulu leminyaka, kwaye ubomi bam buthatyathwe, kuze kungabikho mntu onokwalatha mnwe kum aze athi "Akazange abe nayo nengcinga embi," Ndiyakuya esihogweni nje ngokuqinisekileyo njengoko ndimile.

75 Ndingumoni. Oko kunjalo. Andinanto. Akukho ndlela, konke konke, ndingafumana naliphi—naliphi ixabiso lokuhlawula. UThixo wafuna ukufa. Kwaye ukuba ndinikeza ngobomi bam, ukuba ndinikeza ngobomi bam, ngoko ndingaguquka njani? Kuba, wena . . . Ityala kufuneka lihlawulwe, kuqala. Kwaye uThixo yayikukuphela Kwakhe owayenokububeka ubomi Bakhe phantsi aze abuthabathe Bona kwakhona. Ke Wayenokuba sisono, aze abeke uBomi Bakhe phantsi aze abuchole Bona, kwaye akubize oko "ubulungisa," kwaye ityala lihlawuliwe. Nantso ke.

76 Ngoku masityhile kuMateyu, malunga nesahluko se-8, ndiyakholwa siso, ese-7 okanye ese-8 isahluko. Siyakubona oko uYesu akutshoyo ngapha. Kulungile. NguMateyu, isahluko se-5. Kwaye i . . . uYesu, ushumayela, eshumayela kubanoyolo, umqolo wama-47.

> *Naxa nithe nabulisa abazalwana benu bodwa, yintoni na egqithiseleyo eniyenzayo kunabanye? abenjenjalo yini na nababuthi berhafu . . . ?* (Qaphela.)
>
> *Kodwa ke yibani ngabagqibeleleyo, . . . (Intoni?)*
>
> *Yibani ngabagqibeleleyo, njengokuba uYihlo osemazulwini egqibelele.*

Lowo yayingumyalelo kaYesu, "Yibani njalo."

77 Bathi, "Akukho mntu unokugqibelela, iBhayibhile yathi, 'Akukho namnye ugqibeleleyo.' Nako ukuphikisana." Injalo? Kulungile.

78 Akunakufezeka ngokunokwakho. Ukuba uthembele koko ukwenzileyo, ulahlekile. "Ke yibani ngabagqibeleleyo, kwa nokufezeka njengokuba uThixo efezekile." Ngoku:

Yibani ngabagqibeleleyo, njengokuba uYihlo wenu . . . ezulwini efezekile.

79 "Ngoko ke . . . " Ngoku isahluko se-5, ese-6 samaHebhere.

Masithi ngoko siyeka iziseko zemfundiso kaKristu, masiye kwingqibelelo; . . .

80 Ngoku, nina, Mnquba kaBranham. Owu, ndiyayazi, "Sineempiliso." Oko kuyamangalisa. "Sinemibono." Owu, oko—oko kuhle. Kwaye ninamaphuma angowomoya, kwaye ngamanye amaxesha asingomaphupha angowomoya. Kwaye—kwaye ngamanye amaxesha nina . . . "Thina, thina sizama ukunceda abahluphekileyo. Senza oko sinakho ukukwenza." Owu, oko kulungile, kodwa oko asikuko oko sithetha malunga nako ngoku. Singena kwesinye isigaba.

. . . *siyeka* . . . *imfundiso* . . .

81 "Owu, ewe, sifumene imfundiso kaKristu. Sikholelwa Yena wayenguNyana kaThixo, uzalwe yintombi. Siyakholelwa oko, kunye nazo zonke ezi zinto." Oko kuyamangalisa nje.

82 Kodwa, "Ukushiya okuya, masiye engqibelelweni." Owu, bethu! Ndinqwenela bendinelizwi lesiphatha-zithunywa ngoku, ukuzisa oku kwindawo apho ninakho ukuyibona. Ngoku wathi, "Siyeke yonke imfundiso ngoKristu," zonke i—izifundiswa ngezenkolo, kunye nayo yonke imfundo ngezenkolo esiyaziyo, konke malunga nobuNgcwele bukaKristu, indlela Awaba nguThixo enziwe inyama, zonke ezinye zezi zinto.

83 UPawulos uyaqhubeka eyicacisa yonke apha, nje kwimizuzu embalwa. Masiyifunde nje, nje kancikana, ngaphambi kokufika kuyo.

. . . *sibeke kwakhona* iziseko *zenguquko kwimisebenzi efileyo* . . .

Ngoku, siyakukholelwa oko.

. . . no*kholo* ku*Thixo,*

Siyakukholelwa oko.

Kunye n*emfundiso ngeembhaptizo,* . . .

Nje indlela ofanele ubhaptizwe ngayo, siyakukholelwa oko.

. . . *nokubekwa kwezandla,* . . .

Siyakholelwa ekubekweni kwenzandla, asinjalo? Yabona, konke oko, ngokuqinisekileyo.

. . . *kunye novuko lwabafileyo,* . . .

84 Siyakukholelwa oko. Ngoku qaphela. Niyabona apha, "Umgwebo," uyasetyenziswa, "Naphakade." Oko lixesha elide. Xa umgwebo uthethwa ngoThixo, lixesha elide. Ngoko, akunakubakho xolelwaniso kwakhona emveni kokuba umgwebo uwisiwe. Ngoku ningaqonda kutheni uThixo kwafuneka Yena athabathe eLakhe Yena—eLakhe Yena, njengoko silubiza, eLakhe yena iyeza. Xana Yena wohlwaya umntu ngokona, indlela ekuphela kwayo Yena awayenokuxolelanisa, yayikukuthabatha indawo yomntu Ngokwakhe. Leyo kuphela kwendlela anokuxolelanisa ngayo, okanye anokusixolelanisa ngayo, yayikukuthabatha indawo yethu aze abe ngumoni. UThixo, uYehova, waba ngumoni, waze Yena wanikeza ngobomi Bakhe.

85 Ngoku, unganikeza ngobomi bakho, njengomoni, ukufela isizathu. UPawulos wathi, "Nokuba ndithe ndanikela ngomzimba wam ukuba utshiswe njengedini, andiyonto futhi," kuba ayisokuze isebenze. Yabona, xana usifa, umkile. Ufa njengomoni, ulahlekile.

86 "Kodwa uThixo wehla esenyameni, waza wohlwaya isono esenyameni, ekubeni enziwe inyama esisono." Ngokuba, WayenguThixo onguNaphakade, kwaye wavusa umzimba OngoWakhe Buqu, ke nguMgwebeli.

87 Ngoku, zonke ezi zinto, "Masiye engqibelelweni," watsho uPawulos. Ngoku intoni?

> . . . *womgwebo ongunaphakade.*
>
> . . . *oku* siyaku*kwenza,* . . . *uThixo* evuma. (umqolo we-3.)

88 Ngoku, "Ukuya engqibelelweni." UYesu wathi, "Yibani ngabagqibeleleyo, kwanjengokuba noYihlo wenu waseZulwini egqibelele."

Kwaye sinjalo, wonke ubani, wohlwayiwe. Akukhathaliseki nokuba yintoni esakhe sayenza, sohlwayiwe. Sazalwa, sohlwayiwe. Umama wakho notata wakho bazalwa, behlwayiwe. Abakho, bonke ookhokho bazalelwa esonweni, babunjelwa ebugwenxeni. Ke uyakuze uyifumane njani? Uzakugqibelela njani? Ukuba awuzange wenza nto, zange ube, zange waxoka, zange wenza nantoni na ebomini bakho, usohlwayiwe. Wohlwayiwe ngaphambi kokuba uphefumle ukuphefumla kwakho kokuqala. Wawohlwayiwe. Injalo lonto. Kwaye wagwetywa nguThixo ngaphambi kokuphefumla ukuphefumla kwakho kokuqala. Kuba wawugwetyiwe, ngomnqweno wesondo katata nomama wakho bona, ngesenzo sabo, bakuzisa apha emhlabeni. Kwaye uThixo wayohlwaya, ekuqalekeni. Wohlwayiwe, into yokuqala. Ke kuphi wena . . . Kwaye wonke umntu emhlabeni waye ohlwayiwe kunye nawe. Ngoku uzakufumana phi ukugqibelela?

89 Qaphela. Masityhileni nje umzuzu kumaHebhere, isahluko se-10. Phulaphulisisani. Ndifuna ukufunda kancikana kwisahluko se-9, kuqala, umqolo we-11.

> *Kodwa ekubeni uKristu engumbingeleli omkhulu wezinto ezilungileyo eziyakuza, ngawo omkhulu nogqibelele kakhulu umnquba,* Umnquba OngoWakhe, inyama Yakhe, . . .

90 Yabona, umnquba omdala . . . Ingaba niqwalasele? Umnquba omdala wawunesigqubuthelo kuwo, esasifihle ityeya apho wayehlala khona uThixo. Bangaphi abakwaziyo oko? Ngokuqinisekileyo. Kulungile, lowa mdala umnquba owenziwe ngumntu apha, imikhusane ejikwe umbala yezikhumba zeebhokhwe, kunye nanjalo njalo, zenziwa umnquba wokufihla uBukhona bukaThixo. Bangaphi abakwaziyo ukuba yayingumntu omnye owayenokungena phaya kube kanye ngonyaka? Ngokuqinisekileyo. Yayingu Aroni, engena kube kanye ngonyaka. Kwakufuneka athanjiswe. Kwaye—kwaye, owu, imfuneko! Kwaye kwakufuneka abe nomlilo esandleni sakhe; kwaye ukuba uyile ngaphandle kokuya, wayesifa kwamsinya njengoko etyhalela lamkhusane ngasemva. Ebeya kuwa afe. Kufuneka angene phaya aze akhanyise lamakhandlela, afefe isihlalo senceba ebiza, igazi labafileyo, into emiselwe enye, de uKristu abe wayezile ukuza kuyizalisekisa.

91 Ngoku, kodwa, uThixo ngoko waba lolunye uhlobo lomnquba. Kwaye lamnquba wawuNgubani? UYesu. Kwaye uThixo wayengaphakathi kuYesu, kwaye Wayefihliwe, kodwa Wayexolelanisela ihlabathi kuYe, ngezibonakaliso Zakhe. UKristu watyhila uThixo. Wathi, "AsindiM owenza imisebenzi. NguBawo ohleli ngaphakathi kuM. Andenzi nanye into ngokwaM kuphela koko ndibona uBawo ekwenza. UBawo kuM, ebonisa Mna le mibono, kwaye ngoko Ndiyaya ndiyokwenza kuphela oko uBawo aNdixelele ukuba ndikwenze." Niyayifumana? UThixo wayengaphakathi komzimba womntu, hayi ngasemva kwezikhumba ezijikwe ibala zeebhokhwe, kodwa wayephila, eshukuma. UThixo wayenezandla; uThixo wayeneenyawo; uThixo wayenolwimi; uThixo wayenamehlo; kwaye yayinguKristu. Nankuya wayephaya.

92 Ngoku, Wemka, waza uMoya waza kokuya, ukuze ngokufa Kwakhe Abe nokugqibelelisa iBandla kwaye alizise ekuthobeleni iBandla. Kwaye kwa loMoya mnye owawukuKristu useBandleni, usenza izinto ezikwanye uKristu awazenzayo. "Kusaya kuba lithutyana ihlabathi lingabi saNdibona; kodwa nina niyakuNdibona, kuba Ndiyakuba kuni, nangaphakathi kuni, kuye ekupheleni kwehlabathi."

93 Ngoku mamela oku.

> *Ke uKristu* efike *wangumbingeleli omkhulu wazo izinto ezilungileyo eziza kubakho, ngowona mkhulu*

ugqibeleleyo umnquba, ongenziwanga ngazandla, oko kukuthi, ongengowesi sakhiwo;

Wayengenziwanga ngazandla. Wayezalwe njani? Uzalo ngentombi.

Kungengalo negazi leebhokhwe nelamathole, awathi lo mzimba wabingelelwa ngalo okanye wangcwaliswa, *kodwa kungegazi lakhe . . .*

94 Niyazi ukuba igazi lisuka kwisini seduna. Kwaye ngoko umntu othile wathi, "Owu, uYesu wayengumYuda." WayengengomYuda. "Owu, sisindiswe ngegazi lomYuda." Hayi, asinjalo. Ukuba sasisindiswe ngegazi lomYuda, sisalahlekile.

UYesu wayengengomYuda, engeyoNtlanga Yena. Waye enguThixo: uThixo uBawo, uMoya, Lowo ungenakubonwa. "Akukho mntu wakhe wambona uThixo nakweliphi ixesha, kodwa kuphela lowo amzeleyo uBawo umazisile Yena." Wabonakalisa uThixo, into awayeyiyo uThixo.

95 Ngoku iBandla Lakhe lifanele libonakalise uThixo, ukubonisa into ayiyo uThixo. Yabona?

Yintoni esiyenzayo? Sizenza umbutho, kwaye, "Andinanto yakwenza nabo. BangamaWisile. BangamaRhabe. Andifuni nto yakwenza nabo. NdingumBhaptizi. NdingumPentekoste." Huh! Ulahlekile, kunye nelohlobo lembono. Injalo.

96 Ngubani ongadliselayo? Ngubani ongatsho nantoni na? Jonga kwihlazo ethe iRhabe yaluzisa. Jonga kwihlazo, amaBhaptizi. Jonga kwihlazo, iKatolika. Jonga kwihlazo, amaPentekoste, maNazarene, Pilgrim Holiness. Jonga kubo bonke.

Kodwa, ndikucela umngeni ukuba walathe isandla esinye, kwihlazo, koKuya. Ehe. Yalatha umnwe ube mnye, xana uThixo uSomandla wathi, "Lona nguNyana waM Endikholisekileyo ukuhlala kuYe. Mveni Yena." Nantso ke. Lowo nguYe ogqibeleleyo.

97 Ngoku, masifundeni nje kancinci ukuya phambili apha ngoku.

Kungengagazi labhokhwe . . . amathole, kodwa ngegazi elilelakhe wangena kwaba kanye kwindawo engcwele, ekubeni efumene intlangulo yanaphakade . . . (Ingaba niyayifumana?) . . . *intlangulo yanaphakade ukwenzela thina.*

98 Hayi ukuhlangulwa namhlanje, kuze emva koko, kwiveki elandelayo xana imvuselelo iqalisa, uhlangulwe kwakhona, kuze emva koko, owu, siwile size sihlangulwe kwakhona. Uhlangulwe kwaba kanye, ngonaphakade. Injalo lonto. Akukho kuhlangulwa, kuhlangulwa, kuhlangulwa kwakhona. "Intlangulo yanaphakade!" "Lowo uwevayo aMazwi aM aze akholelwe kuLowo owaNdithumayo, unoBomi

obunguNaphakade, kwaye akasayi kuza emgwebeni, koko sele," ixesha elidlulileyo, "dlulile ekufeni wangena eBomini." Ngokuba uxhawulile? Ngokuba wabhaptizwa ngendlela ethile? Ngokuba wayenegazi esandleni sakhe? "Ngokuba uye wakholelwa kokuphela kozelweyo uNyana kaThixo." Leyo yindlela esiba nayo ngayo intlangulo yaNaphakade.

99 Ngoku phulaphulani.

> *Ukuba . . . igazi leennkunzi zenkomo neleebhokhwe, nothuthu* lwamathokazi enkomo lufefwe i—i . . . *lifefwe abazinqambi,* lungcwalisela *ekuhlambululeni inyama:*
>
> *Lobeka phi na ukugqithisela igazi likaKristu, owazisondeza ngoMoya ongunaphakade enganasiphako kuye uThixo,* ukusihlambulula *isazela* sethu *emisebenzii efileyo ukuze nikhonze uThixo ophilayo?*

100 "Udlulile ekufeni wangena eBomini." Yintoni oyikhathaleleyo ihlabathi eliyicingayo? Yintoni oyikhathaleleyo ummelwana wakho ucinga ntoni? Ingqondo yethu ifile, kwaye sihlanjululwe ngokutsha saza sazalwa ngokutsha ngoMoya kaThixo, ukukhonza owenyaniso nophilayo uThixo. Nantso ke.

101 Ngoku fika ngaphaya kumqolo we-10, isahluko se-10, gxebe, kanye ukunqumla iphepha.

> . . . *umthetho ekubeni unesithunzi sezinto ezilungileyo eziza kubakho, ungenaso sona isimilo sazo izinto, awuze ube nakho ngaloo madini abathi bawanikeza iminyaka ngeminyaka* ukuqhubeka *ukwenza* osondelayo a-g-q-i-b-e-l-e-l-e.

g-q-i-b-e-l-e-l-e-, iphaya, "Gqibelele."

> . . . *siyeka iziseko zemfundiso kaKristu, masiye engqibelelweni;* . . .
>
> *Yibani ngabagqibeleleyo ngoko, njengokuba noYihlo . . . osezulwini egqibelele.*

102 "Umthetho unesithunzi nje sodwa sezinto ezilungileyo ezizakubakho," yonke imimiselo neembhaptizo kunye ne . . . zonke ezinye izinto ababenazo, "zange zibe nakho ukwenza umnquli agqibelele." Kwaye, noko, uThixo ufuna "ingqibelelo."

103 Ujoyina ibandla iNazarene, alisokuze likwenze ugqibelele. Ujoyina ibandla iBhaptizi, Pentekoste, nantoni na eyiyo, ayisokuze ikwenze ugqibelele. Uba ngolungileyo, othembekileyo umntu, ayisokuze ikwenze ugqibelele. Akunakufanelekela nanye into. Akukho nto malunga nawe, ukuba ufaneleke. Ulahlekile. Uthi, "Kuhle, ndiwugcinile umthetho. Ndiyigcinile isabatha. Ndigcine *le*, yonke imimiselo kaThixo. Ndenza *oku*."

104 Wathi uPawulos, "Masibekele ecaleni zonke ezo zinto ngoku."

105 "Kulungile konke oko, kodwa siyakwenza *oku*. Siyakubhaptiza abantu, kwaye siyakubeka izandla kubo ukwenzela impiliso yabo nanjalo njalo."

106 Singayithabatha, umqolo ngomqolo, nganye yezo zinto. Ubhaptizo, siyalukholelwa. "Linye kuphela ithemba, inye iNkosi, lunye uKholo, lunye uBhaptizo." Siyakholelwa ukuba lukhona ubhaptizo. Siyakholelwa ekuvukeni kwabafileyo. Ngokuqinisekileyo. Siyakholwa uYesu wafa waza wavuka kwakhona. Siyakukholelwa oko. "Ukubeka izandla, ukwenzela abagulayo," yilonto ekutshiloyo. "Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo. Ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphiliswa." Siyakukholelwa oko.

Kodwa yintoni leyo? UPawulos wathi, "Konke yimisebenzi efileyo." Yinto othi uyenze.

107 "Ngoku masiye kwingqibelelo." Owu, bethu! Siyangena eMnqubeni, hayi isiseko; uMnquba, uMnquba ngoKwawo. Eso sisiseko: umthetho, kunye nobulungisa, kunye—kunye—kunye—kunye nokujoyina icawa, uze ubhaptizwe, no—nokubekwa kwezandla. Yona yimiyalelo yecawa.

"Kodwa ngoku masiye kwingqibelelo." Kwaye mnye kuphela ogqibeleleyo, lowo nguYesu.

108 Singena njani kuYe? "NgamaWisile?" Hayi. "Pentekoste?" Hayi. "Bhaptizi?" Hayi. "Singena nangayiphi icawa?" Hayi. "IKatolika yaseRoma?" Hayi.

109 Singena njani kuYo? AmaRoma 8:1.

> *Ngoko ke ngoku akusekho kugwetywa kwabakuKristu . . . abangahambiyo ngo*kwezinto zeli hlabathi, *inyama, kodwa ngo*kwezinto *zikaMoya*, abangakuhoyiyo oko ihlabathi likutshoyo.

110 Nkqu nokuba uyagula, ugqirha uthi, "Uzakufa," Akuhoyi lonto, ayikukhathazi nakancinci.

111 Ukuba bayakuxelela, "Kufuneka ube ngumKatolika phambi kokuba usindiswe, okanye umRhabe, okanye kufuneka wenze *oku*," ungakuhoyi oko.

"Ngoko ke akukho kugwetywa kwabo bakuKristu uYesu, abangahambiyo ngokwenyama, izinto abazibonayo." Yonke into oyibonayo ngamehlo akho yeyokomhlaba.

112 Kodwa zizinto ozibonayo emoyeni wakho, ngeLizwi! ILizwi likaThixo yiglasi yokujonga ebonisa into Ayiyo nento oyiyo. Haleluya! Owu, bethu! Iyakuxelela. Lena kuphela kweNcwadi ehlabathini ekuxelela apho usuka khona, ungubani, nalopho uya khona. Ndibonise naliphi iphepha lokubhaliweyo, naphina, nayo yonke inzululwazi okanye nantoni engenye, yonke incwadi elungileyo ebe ibhaliwe, akukho nanye yazo enokuxelela okuya. *Lena* yiglasi kaThixo yokujonga, ebonisa into Ayiyo nento oyiyo.

Ngoko, ngaphakathi kokuya ngumgca weGazi, obonisa into onokuba yiyo ukuba ufuna ukwenza ukhetho. Nantso ke.

113 "NgaMoya mnye," ngoku, amaKorinte okuQala i-12. Singena njani kulaMzimba?

"Ngokuxhawula izandla?" Hayi, mhlekazi. "Ngokujoyina icawa?" Hayi, mhlekazi. "Ngokubhaptizelwa ngecala langasemva, langaphambili? Egameni loYise, Nyana noMoya oyiNgcwele? IGama likaYesu Kristu? Igama likaMfiyo waseSharon, Nyibiba yaseNtlanjeni, Khwezi loKusa? Nantoni oyifunayo?"

Oko akunanto yakwenzi nayo. "Nje impendulo yesazela kuThixo." Kwaye futhi sisaxambula, size sikruquke, size sixoxe, size sahlukane, size senze izantlukwano. Injalo lonto. "Kodwa zonke ezo yimisebenzi efileyo." Siya kwingqibelelo.

114 Ezo zizinto endizenzayo. Umlungiseleli ukubhaptizile. Nokuba ukubhaptizela ubuso bujongiswe ngaphambili, ngasemva, okanye amatyeli amathathu, amatyeli amane, okanye ityeli elinye, okanye uyenze njani, lonto ayinanto yakwenza naWo. Ubhaptiziwe nje ebudlelwaneni belabandla, kakade, ubonakalisa kwelabandla: ukuba uyakholelwa ekufeni, ekungcwatyweni, naseluvukweni lukaKristu. Ukubekwa kwezandla, ukuphilisa abagulayo, oko kuyamangalisa, kodwa, konke kungokwasendalweni, kwaye lamzimba uyakufa kwakhona nje ngokuqinisekileyo njengoko wena uphila. Wona uyakufa kwakhona. "Ngoku masibekele ecaleni zonke ezo zinto, size siye engqibelelweni."

115 Sifika njani kwingqibelelo? Oko koko sifuna ukukwazi.

. . . UKristu *ugqibelelisile* . . .

"UThixo wabeka phezu Kwakhe bonke ubugwenxa bethu. Wakhandaniswa ngenxa yezono zethu, watyunyuzwa ngenxa yezikreqo zethu, ubetho lokuba sibe noxolo lwaba phezu kwakhe, ngemivumba Yakhe saphiliswa." Lowo nguMzimba esifuna ukufika kuwo. Lowo nguMzimba. Kutheni? Ukuba ukula Mzimba, akusokuze uwubone mgwebo, akusokuze ungcamle ukufa. Ukhululekile ekufeni, emgwebeni, esonweni, nakuyo yonke into engenye, xana ukulaMzimba.

116 "Ungena njani kuWo, mshumayeli? Ngokujoyina lomnquba?" Ulahlekile, noko. Ubungenakujoyina, kakade; asinayo nanye incwadi. "Singena njani kuWo? Ngokujoyina icawa ethile?" Hayi, mhlekazi. "Ungena njani kuWo?" Uyazalelwa kuWo.

117 AmaKorinte okuQala i-12.

Kuba ngaMoya mnye sonke sibhaptizelwa *mzimbeni mnye,* . . .

118 Ngobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, sibhaptizelwe kulaMzimba, kwaye sikhululekile esonweni. UThixo

akasakuboni; Ubona kuphela uKristu. Kwaye xana useMzimbeni, uThixo akanakugweba la Mzimba. Sele ewugwebile Wona. Wathabatha izigwebo zethu waza wasimemela ngaphakathi. Kwaye ngokholo, ngalo ubabalo, sihamba kwaye samkela uxolelo lwethu. Kwaye uMoya oyiNgcwele usizisa kobu budlelwana kunye naYe. "Kwaye asisahambi ngokwezinto zehlabathi, kodwa sihamba ngokoMoya."

Ukudliswa ubomi, iLizwi leza kuthi. Yena wafa endaweni yam. Ndenziwe ndaphila. Naku ndilapha, owayefile sisono naziziphoso, wenziwe waphila. Yonke iminqweno yam kukukhonza Yena. Lonke uthando lukuYe. Zonke iihambo zam zifuna ukuba seGameni Lakhe, ukuba apho ndiya khona, nantoni endiyenzayo, ndizukisa Yena. Ukuba ndiyazingela, ukuba ndiyaloba, ukuba ndidlala ibhola, ukuba—ukuba ndi . . . nantoni na endiyenzayo, kufuneka ndibe, "uKristu kum," kubomi obunjalo, obuyakwenza abantu bafune ukuba ngalandlela; hayi ubulopholopho, ukuhleba, ukuxambula malunga namabandla enu. Niyayifumana?

"NgaMoya mnye sonke sibhaptizelwe kula Mzimba." "kwaye xana ndibona iGazi, ndiyakugqitha phezu kwakho."

119 Phulaphula. Masifunde nje ukuya mganyana apha, ncedani.

. . . oko bekungenakho *ukumenza* ozayo *agqibelele*.

"Kuba . . . " umqolo we-2, isahluko se-10.

Kuba ngoko ange *engayekwanga na ukunikelwa*?

120 Ukuba oko kungenza umntu agqibelele . . . Kwaye uThixo ufuna ingqibelelo. Ukuba ukugcina imithetho, ukuba ukwenza yonke imiyalelo, bekunokwenza ugqibelele, ngoko akukho—akukho sidingo sokuba nayo nanye into engenye; sele wenziwe wagqibelela. Kuba, xana ugqibelele, unguNaphakade. Kuba, uThixo nguYe kuphela onguNaphakade, kwaye uThixo nguYe kuphela ogqibeleleyo. Kwaye indlela ekuphela kwayo onokuba nguNaphakade, kukuba yinxalenye kaThixo. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

. . . *behlanjululwe nje kwaba kanye bafanele . . . bangaphinde babe nasazela sa*sono.

Intoni? "Umnquli ehlanjululwe kwaba kanye, angaphinde abe *nasazela* . . . " Ukuba ubhala inguqulelo yokuya, ngu "mnqweno."

. . . umnquli *ehlanjululwe kwaba kanye* . . . aka*phindi abe* namnqweno *wasono*.

. . . *ukuba* umnquli *ehlanjululwe kwaba kanye* . . .

121 Uyenyuka ngoku uze uthi, "Owu, haleluya, ndisindisiwe kubusuku obugqithileyo. Kodwa, kuhle, uThixo asikelelwe, *yona*

indiwisile. Haleluya, ngenye imini ndiyakusindiswa kwakhona." Wena qaba elingaqeqeshwanga losizi. Leyo asiyiyo indlela eyiyo.

122 "Umnquli ehlanjululwe nje kwaba kanye akaphindi abe nasazela sasono," itshilo iBhayibhile. Phulaphulani, njengoko siqhubeka sifunda, nje umzuzu.

Kodwa kuloo minikelo yokudla . . . ukukhunjuzwa kwezono iminyaka ngeminyaka.

123 Ngoku sizakwehlela ezantsi, ukubetha malunga nomqolo we-8, ukonga ixesha, kwaye apho ndifuna ukufika khona.

Xana wathi ngoko *ngentla, Imibingelelo* neminikelo yokudla *namadini atshisiweyo* . . . *ukwenzela isono akuwathandanga,* aku*kholiswanga ngawo; wona lawo asondezwayo ngokomthetho;*

124 umqolo we-9.

Emva koko wathi, Yabona, ndiza kwenza ukuthanda kwakho, Owu Thixo. Ususe i . . . suse . . . *Ususe kuqala eyokuqala,* umthetho*, ukuze amise okwesibini.*

125 Ndinqwenela sibe sinexesha lokuhlala kokuya. Oko nje ungumRhabe, okanye umPentekoste, okanye mBhaptizi, okanye mWisile, Akanakwenza nto ngawe. Kufanele Yena akuthabathe konke oko kusuke, kuqala, yabona, ukuze Abe nokumisela eyesibini. Inde njengoko nisithi, "Kulungile, ndingumWisile." Aha, akukho nto ichasene namaWisile, okanye maBhaptizi, okanye maPentekoste. Kodwa, mzalwana, oko aku—oko akuyichazi. Kufanele uye kwingqibelelo, oko kukuKristu.

126 Qaphela oku ngoku, nje umzuzu.

Ngako . . . *sangcwaliswa ngokusondezwa komzimba kaYesu Kristu kwaba kanye.*

127 Huh? Masifunde nje ukuya nje mganyana, size sibambe okuya. Yeka oko kumanzise ngelixesha sifundayo, "Kube kanye."

Kwaye wonke umbingeleli uma *imihla ngemihla esondeza idini* futhi *kwawona loo* madini*, angenako nakanye ukususa* isono:

Kodwa yona le ndoda, . . .

Ingaba nilungele? Vula ivest yakho ngoku, ukuze ingakubhidi, iyakuya ngqo entliziyweni? "Kodwa le Ndoda." Eyiphi iNdoda? Hayi upope waseRoma, hayi ubhishopu wecawa yaseWisile, okanye nayiphi icawa engenye.

Kodwa le ndoda, uKristu*, emveni kokuba esondeze idini lalinye ngenxa* yesono *ngonaphakade, usuke wahlala phantsi ngasekunene kukaThixo;*

Ukususela ngoko elindele zide iintshaba zakhe zenziwe isihlalo seenyawo zakhe.

Qaphela. Nantsi isiza.

*Kuba ngomnikelo omnye u*benze bag-q-i-b-e-l-e-l-a, u*benze bagqibelela . . .*

"Kude kube yimvuselelo elandelayo"? Iyakutsho ntoni lanto?

. . . ubenze bagqibelela ngonaphakade abo bangcwalisekileyo.

Niyayifumana? "Masiyeni kwingqibelelo."

128 Ngoku nina bantu bobungcwele nithi, "Owu, ehe, siyakholelwa kubungcwele. Haleluya! Siyakholelwa kungcwaliseko." Kodwa nithabatha okukokwenu. Niyeka nje *lena* nize niyeke *leya*. Niyayazi anifanele kuyenza.

Ade uKristu abe uvule umnyango aze ayidlise ubomi entliziyweni yenu, kwaye ube yindawo apho isono sifileyo, kwaye nomnqweno, konke kumnkile. Emva koko, Yena ususa ubulungisa obubobakho, Abe nokuzimisa Yena kuwe. "Kwaye nguKristu, uNyana kaThixo, ngaphakathi kuni, ithemba loZuko."

. . . masiyeni kwingqibelelo;

129 Singagqibelela njani? Ngokufa kukaKristu. Hayi ngokujoyina icawa. Hayi ngemisebenzi yethu elungileyo, oko sikwenzayo. Konke oko kulungile. Hayi ngokuba sabhaptizwa *ngale* ndlela okanye *ngala* ndlela. Hayi ngenxa yokuba sasiphilisiwe, ngokubekelwa izandla. Hayi ngenxa yayo nanye yezi zinto, "Siyakholelwa ekufeni, ekungcwatweni, naseluvukweni."

130 UPawulos wathi, "Ndingathetha ngeelwimi zabantu nezeeNgelosi," ezo ziilwimi eziqondwayo kunye neelwimi ezingenakuqondwa, kufuneka ziguqulelwe, "Andinto yanto. Nokuba ndinesipho sokwazi nokuqonda bonke ubulumko bukaThixo," ndingayicacisa iBhayibhile, ukusuka . . . ndiyidibanise, "Andinto yanto." Akwenzi okungakho okulungileyo ukuya esikolweni ngoko, akunjalo, ukufunda iBhayibhile? "Nokuba ndinokholo ngokokude ndisuse iintaba . . . " Imikhankaso yempiliso ayithethi okungako ngoko, akunjalo? "Andinto yanto. Nokuba ndinikela ngomzimba wam ukuba utshiswe njengedini."

131 "Owu," bathi, "landoda iyeyenkolo."

132 "Kodwa akanto yanto," uPawulos, "zange abe nto yanto."

133 "Kuba apho kukho iilwimi, ziyakubhanga; apho kukho iziprofeto, siyakusilela; apho kukho zonke ezi zinto zingezinye, ziyakusilela. Kodwa xana okuya kugqibeleleyo kufika, oko kuyingxenye kuyakubhangiswa." Yabona, okwaku "gqibelela." Yintoni ukugqibelela? Uthando. Yintoni uthando? UThixo. "Masithi sibekele ecaleni yonke le misebenzi mincinci ifileyo

kunye nommiselo, size siye kwingqibelelo." Niyayibona? Sigqityeleliswa ngoKristu. Singena njani kuYo? Ngobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele.

134 "Kulungile, kwenzeka ntoni?" Ugqithile ekufeni wangena eBomini.

135 "Kuhle, ingaba ndiyaxhawula, ndixhume, ndiyenze?" A—akuyenzi, akuyikufuneka wenze nanto. Sele uyenzile, uThixo ukukhuphe ekufeni wakungenisa eBomini, kwaye uyaphila. Ngoko iziqhamo zakho zobomi bakho ziyayibonakalisa.

136 Abaninzi benu maWisile namaNazarene nakhwaza nje kakhulu kangangokuba naninokukhwaza, nibe umbona entsimini yomntu, injalo lonto, nenza yonke into enokwenziwa.

137 Abaninzi benu maPentekoste bathetha ngeelwimi, njengokuthululela imbotyi kwifele lenkomo, ngokuqinisekileyo, naphuma ngqo naza nabaleka nomfazi wendoda elandelayo, nenza zonke iintlobo zezinto. asiyiyo Leyo, mzalwana.

138 Sukuzama ukuba nanye imvakalelo okanye nantoni yokuba ithabathe indawo kaMoya oyiNgcwele. Xana uZalo olutsha lufika, uyaguquka. Akudingeki wenze nantoni ukuyiqondakalisa. Ubomi bakho buyayiqondakalisa, njengoko uhamba. Uluthando, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, ubulali, umonde. Oko koko ukuko, kwaye ihlabathi lonke libona ukubonakaliswa kukaYesu Kristu kuwe.

139 Ngoku, ukuthetha ngeelwimi, ukukhwaza phaya, ezo zizibonakaliso ezilandela olu hlobo loBomi.

Kwaye ungathabatha, ulinganise ezo zibonakaliso, kwaye ungaze ube nabo oba Bomi. Siyayibona. Bangaphi abayaziyo ukuba oko yinyani? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngokuqinisekileyo, niyayazi. Ngokuqinisekileyo niyayazi. Bethu! Niyayibona yonke ecaleni kwenu.

140 Ke, akukho nto ongayitshoyo ebubungqina bukaMoya oyiNgcwele, ngaphandle kokuba bubomi bakho obuphilayo. Ngoku, ukuba ufuna ukuthetha ngeelwimi, oko kulungile ngokugqibeleleyo ukuba uphila ubomi bokuyixhasa. Injalo lonto. Kwaye ukuba ufuna ukukhwaza, kulungile, kulungile oko. Ndiyakwaza, nam, ndivuya kakhulu ngamanye amaxesha kubenzima nokunxiba ipere yezihlangu; ndibe ngathi ndiyakuxhuma ndiphume kuzo. Kwaye oko kuyamangalisa. Ndiyayikholelwa.

141 Ndiyibonile imibono, kunye nabagulayo bephiliswa, abafileyo bevuswa. Xana belele phandle phaya kwaye oogqirha bemke baze bathi, "Kuphelile ngabo kwaye bemkile," balale phaya iqela leeyure; kwaye uMoya oyiNgcwele uhle ngqo uze ubonise umbono, yehlela phaya uze uvuse lamntu. Ndibabonile abo bazizithulu, izimumu, nemfama, nabakhubazekileyo ngomzimba, behamba. Oko akwenzi . . . Oko nje zizibonakaliso.

142 Mzalwana, kudala, ngaphambi kokuba ihlabathi lakhe laba nesiseko kulo; uThixo ngobabalo Lwakhe olunguNaphakade, Wajonga ezantsi, kwaye ngolwazi lwangaphambili Wabona wena nam. Wayazi sesiphi isigaba esiyakuphila kuso. Wayazi into esasiyakuba yiyo. Ngoko ke, ngolwanyulo, Wasikhetha ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, ukuba sibe kunye naYe singenachaphaza.

143 Ngoku, ukuba Wasikhetha phambi kokusekwa kwehlabathi ukuba sibe kuYe ngaphandle kwechaphaza, kwaye sizalwe sinamachaphaza konke, kwaye akukho nto ingenye eno . . . akukho nto enokusicoca, asiyikubanalo njani—asizukubanalo njani ichaphaza? "Wathumela akuphela kwamzeleyo uNyana Wakhe, ukuze lowo ukholwayo kuYe angabinasiphelo sabomi, kodwa abe noBomi obunguNaphakade; angaze atshabalale, kodwa abe noBomi obunguNaphakade." Ngoko xana sisiza kuye, ngokholo, ngalo ubabalo sisindisiwe, ngoMoya oyiNgcwele ubiza kuthi.

144 Ngaphambi kokuba kubekho umzimba kulo mhlaba, imizimba yenu yayilele apha. Yenziwe ngekalsiyam, potash, umfumo, ukukhanya kwendalo—ukukhanya kwendalo, ipetroliyam, kunye nanjalo njalo, izinto ezilishumi elinesithandathu. Kwaye uMoya oyiNgcwele waqalisa ukufukama phezu komhlaba, "ubiza." Kwaye njengoko Wenzayo, into yokuqala oyaziyo, ukwenyuka kwaphuma intyatyambo encinci yePasika. Emva koko Wafukama kwaphuma ingca, kunye neentaka, kwaze emva kwethuba, umntu wavela.

145 Ngoku, Akazange enze umfazi ngokupuma eluthulini lomhlaba. Wayeseleyenzile indoda, into yokuqala; indoda nomfazi banye. Ke Wathabatha ecaleni lika Adam, ubambo waze wenza umfazi, umncedisi kuye. Kwaye emva koko isono sangena. Emva kokuba isono sangena . . .

146 UThixo akasokuze oyiswe, akukhathaliseki yintoni eyenzekayo. Akasokuze oyiswe. Ngoko, abafazi baqalisa ukuzisa amadoda emhlabeni. Kwaye uThixo, ngalo ubabalo olunguNaphakade, wabona ngubani oyakusidiswa, kwaye Wakubiza. "Akukho mntu uzayo kuM, ngaphandleni kokuba uBawo waM ambize, kuqala." "Asikokwalowo ufunayo, okanye lowo ubalekayo, kodwa nguThixo obonisa inceba."

147 Uthi, "Kuhle, ndamfuna uThixo. Ndamfuna uThixo." Hayi, akuzange. UThixo wafuna wena. Leyo yindlela eyayiyiyo ekuqaleni.

148 Yayingengo Adam owayesithi, "Owu Bawo, Bawo, ndonile. Uphi Wena?"

149 YayinguBawo esithi, "Owu Adam, Adam, uphi na?" Leyo yindalo yomntu. Obo bubunzima bomntu. Oko koko enziwe ngako.

150 "Kwaye akukho mntu onokuza kuM ngaphandleni kokuba uBawo amtsale yena. Kwaye bonke athe uBawo waNdinika bona . . ." Haleluya! "Bonke abazayo, ndiyakubanika uBomi obunguNaphakade, kwaye Ndiyakumvusa ngomhla wokugqibela." Enjani intsikelelo, esinjani ukusikeleleka isithembiso sikaThixo waseZulwini! Apho sifika khona, apho, "Wafunga ngesiquSakhe." Akukho mkhulu. Uthabatha isifungo ngalowo mkhulu kunawe. Kwakungekho mkhulu, ke uThixo wathabatha isifungo kwisiquSakhe. Siyafika kulonto, indlela Awayenza ngayo kwaye nelixa aWayenza ngalo; kwaye wathabatha isifungo ngesiquSakhe, okokuba Uyakusivusa kwaye asenze ilifa Lakhe Yena.

151 Owu, igqibelele kwaye iqine njani indlela esinokuma ngayo, ngale ntsasa! Ungajonga njani, ukuba ukufa kukujamele ngqo ebusweni, ungatsho nje ngoPawulos, "Kufa, luphi na ulwamvila lwakho? Ngcwaba, luphi na uloyiso lwakho? Kodwa makabulelwe uThixo, Osinika uloyiso ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu." Nantso ke. Kutheni?

152 "Owu, wenza *nje-na-nje*."

153 "Ndiyayazi, kodwa ndigqunywe liGazi." Haleluya!

154 "NgaMoya mnye, sonke sabhaptizelwa Mzimbeni mnye." Nina maWisile, maBhaptizi, maRhabe, nantoni eniyiyo, sabhaptizelwa Mzimbeni mnye. Sinobudlelwana, kwaye singabemi bobuKumkani bukaThixo, sivuma, ukuba, "Asingabo abeli hlabathi."

155 Intombi yam encinci iyeza, ngenye imini, yathi, "Tata, le ntombi incinci yenze *nje-na-nje*. Kwaye benza *nje-na-nje*. Saya ngaphaya endlwini. Benza *nje-na-nje*." Ndathi . . . Yathi, "Kutheni singayenzi lanto?"

156 Ndathi, "Sthandwa, esingabo abeliyahlabathi. Baphila kwihlabathi elilelabo."

157 Wathi, "Asihambi emhlabeni omnye sonke?"

158 Ndathi, "Ngabehlabathi, sthandwa. Asingabo abaya bantu."

159 IBhayibhile yathi, "Phumani kubo, yahlukani, utsho uThixo." Yabona, akunguye owokuya. Kwaye xana iMvelo entsha ifika kuwe, akudingeki ukuba ube utsalwa. Akufuni kubuyela emva, njengomfazi kaLote. Uzelwe nje, wakhutshwa kulo. Kwaye ukomnye ummango. Kwaye okuya kukhangeleka kuyinkunkuma kuwe.

Kwaye lena, inkulu, idumileyo iMerika esiphila kuyo, iye yaba ngumbhodamo omkhulu wayo. Yonke into iyinkanuko nabafazi. Kwaye abafazi indlela abanxiba ngayo, amadoda indlela enza ngayo, kunye—kunye nezinto abazenzayo, baze emva koko bazibize, "amaKristu."

160 Umzekelo, lo Elvis Presley, uhamba ayokujoyina ibandla lePentekoste ngoku. Kakade, phaya kulapho . . . uJudas

wafumana amaqhosha angamashumi amathathu esilivere. U-Elvis unengqokelela yeCadillacs, kunye ne—kunye nezimbalwa izigidi zeedola, ngokuthengisa ngobuzibulo bakhe. U-Arthur Godfrey. Khangela kokuya.

161 Khangela ngapha kuJimmy Osborne eLouisville, phandle phaya kunye naleya indala ibhuurhi-wuurhi, udlikidlo nokuziqengqa, obudala ubuvuvu nobunyhukunyhuku. Kuze ngeCawa kusasa, bathathe iBhayibhile beme epulpitini baze bashumayele. Elinjani ihlazo!

Akumangalisi iBhayibhile yathi, "Zonke izithebe zizele ngumhlanzo." Kutheni, siphila kumhla ombi kakhulu!

162 Kwaye abantu bathi, "Owu, banenkolo kakhulu." Owu! Anazi ukuba umtyholi unenkolo? Anazi ukuba uKayeni wayenenkolo njengoko wayenjalo u-Abheli? Kodwa, wayengenaso iSityhilelo. Yilonto. Wayengenaso iSityhilelo.

Ehe, sonke siya ecaweni, kodwa kukho abanye abanoBomi, abo ngabo abaneSityhilelo sikaYesu Kristu entliziyweni yabo. Hayi ngokudlikidla, ukuxhuma, hayi ngokujoyina icawa. Kodwa, iSityhilelo, uThixo umtyhilile Yena.

163 Khangela akutshiloyo, "Bathi abantu ndingubani, mna, Nyana womntu?"

164 "Abanye baye bathi Unguye 'umprofeti.' Kwaye abanye bathi Ungu 'Eliya.' Kwaye abanye . . . "

Wathi, "Ke nina nithini?"

165 UPetros wathi, "Wena unguKristu, uNyana kaThixo ophilayo." Oko kwakungasuki kwimilebe yakhe.

166 Wathi, "Unoyolo wena, Simon, nyana kaYona, kuba inyama negazi ayizange ikutyhile oku. Akuzange wakufunda esikolweni oku kwethile—kwethile imithetho yokuziphatha yeBhayibhile, okanye isikolo esithile sakwalizwi. Unoyolo wena, kuba inyama negazi ayikutyhilanga oku kuwe. Kodwa uBawo waM oseZulwini ukutyhilile. Kwaye phezu kweli litye Ndiyakulakhela iBandla laM, kwaye namasango esihogo awayi kuLeyisa."

167 Ukuba ungumKristu, ngale ntsasa, kuba ungowecawa, ulahlekile. Ukuba ungumKristu ngokuba ugqithile ekufeni wangena eBomini, ukhululekile emgwebeni; ungene kuKristu, ungena kwingqibelelo lonke ixesha. UThixo akanakubona nenye into. Uthi, "Kuhle, ingaba ndingaze ndenze impazamo?" Ngokuqinisekileyo, kodwa akuyenzi ngokuthanda.

168 Ngoku sifika kokuya, nje kwimizuzu embalwa, "Kuba lowo wonayo ngabom emveni kokuba wakwamkela ukuyazi iNyaniso, akusekho dini ngenxa yesono." Singena kokuya ngobu busuku, ngokuba kusemva kwexesha kakhulu ngoku.

169 Masifunde nje iqela lemiqolo loku, ukuze sibe nokuvakalelwa ngcono malunga nokuya ezantsi ngaphezulwana. Kulungile. Ke, siyakuqalisa kokuya ngobu busuku, umqolo we-4. Phulaphula koku.

> *Kuba akunakwenzeka kwabo bakhe bakhanyiselwa, kwaye* benziwa. . . *kwaye bathi baba. . . kwaye bangcamla* amandla, *izipho zasezulwini, kwaye benziwa amadlelane ngoMoya oyiNgcwele,*
>
> *Kwaye. . . bangcamla ilizwi elilungileyo likaThixo, namandla ehlabathi eliya kuza,*
>
> *Ukuba babuya bakreqa, ukuba babuye bazihlaziyele bona. . .* kuyo *inguquko;. . .*

Yabona? Kwaye sithabathela okuya kumaHebhere i-10, kunye nangasemva nangaphambili, ukubonisa okukuko oku.

170 Zihlobo, "Masiye engqibelelweni." Sino. . . asingo. . . Asinakuzithethelela namhlanje. Asinakuzithethelela, konke konke. UThixo waseZulwini ubonakele kulemihla yokugqibela kwaye wenza kwa ezo zinto Awazenzayo ngoko, xana Wayelapha ngaphambili, xana Wayesemhlabeni. Ubonakalisile, njengoko singena ngeBhayibhile. Kwaye nina—nina, banga, yazini oku, okokuba sithabathe ummangaliso ngommangaliso, kwaye umqondiso ngomqondiso, kunye nesimanga ngesimanga, oko Awakwenzayo ngabantwana entlango, izinto nemiqondiso Awayenzayo; izinto Awazenzayo xana Wayelapha emhlabeni, ebonakaliswa enyameni; kwaye kwa ezo zinto ziyenzeka namhlanje, kanye apha phakathi kwethu. Nali iLizwi lokuba alingqinele. Nantsi into yokuba itshiwo ukuba ilungile, ukuyenza ilunge. Nanku uMoya kaThixo wokwenza into ekwanye, ke asinakuzithethelela.

Masithandazeni.

171 Bawo waseZulwini, ekubeni singqongwe lilifu elikhulu kangakanana lamangqina, masibekele bucala lonke ilizwi, yonke into, konke okungalunganga, lonke ilizwi elingcolileyo, lonke ilizwi elithethiwe elibi, yonke ingcinga, "kwaye masibaleke ngomonde ugqatso olubekwe phambi kwethu, sijonge kwimbangi nomngqibelelisi wokholo lwethu, iNkosi uYesu Kristu." Owu malisikelelwe eLakhe elingenakuthelekiswa nelingcwele iGama! Indlela Yena awathi weza ngayo emhlabeni ukuza kuhlangula umntu owileyo, nokuza kubabuyisela kubudlelwana beNkosi uThixo. Kwaye sibulela Wena ngoku. Kwaye ngoku ngobabalo Lwakhe. . . Asizange saMkhetha, kodwa Yena wasikhetha. Wathi, "Asinini abakhethe Mna, kodwa Ndanikhetha." Nini? "Ngaphambi kokusekwa kwehlabathi."

172 Kwaye, Thixo othandekayo, ukuba kunokubakho abathile abahleli apha ngale ntsasa, mhlawumbi abakubekele ecaleni oku iminyaka ngeminyaka, kodwa ngokuqhubekeka kukho ukunkqonkqoza okuncinci entliziyweni. Mhlawumbi

bajoyine icawa, becinga, "Kulungile, kuyakulunga." Bawo, ngokuqinisekileyo, iZibhalo ziyicacisile ngale ntsasa: ukuba akunakuzimela emva kwecawa, uze ube lilungisa; ungenakho nokuba ngolungileyo, ungaxoki nokuba nokwenza nantoni embi, uze ube ngolungileyo.

173 Kukho obunye kuphela ubulungisa esinabo, hayi obubobethu, kodwa oBakhe ubulungisa. Ugqibelelise usindiso lwethu. Ngoko ke, ekubeni kuYe, uThixo akaziboni impazamo zethu. Xana sisenza nantoni engalunganga, kukho uMoya ngaphakathi kwethu, uyamemeza, "Owu Bawo, ndixolele!" Ngoko uThixo akasiboni sona. Kwaye ithi, siziswa ebudlelwaneni kunye nobabalo kunye naYe. Siphe oko, Nkosi, ngelixa sivala le nkonzo, eGameni likaKristu. Amen.

174 Nje umzuzu, ndithanda ukunibuza. Akukhathaliseki nokuba nenzani, nilahlekile. Phulaphulani koku. Ngexesha elithile eligqithileyo . . . Ndingabe bendikhe ndayixela ngaphambili. Nanga mamava amancinci awenzekayo kum.

175 Ndandiphezulu e—eToledo, Ohio. ndandisemvuselelweni kwaye—kwaye ndandinomhlangano ezantsi phaya kunye nabantu abaninzi. Babezazi iihotele endandikuzo; ke bandithabatha bandisa emaphandleni. Ndandihleli phandle phaya, kwihotele encinci.

176 Sasisidla kwencinane yamaDunkard ivenkile yokutyela. Yayiyindawo emangalisayo, amanenekazi amancinci phaya, Nje ukuba ngamaKristu nokubangcwele ukujongeka kangangoko ayenakho, ecocekile kwaye enobubele kakhulu. ICawa yafika, ndaze ndalamba. Ndandizilile kancinci. Kwaye ndifuna ukuwela istrato ukuya kolunye, ukufuna okuncinci. Indlela encinci phaya ekujikeleni, kwaye kwakukho nje eyesiqhelo, eqhelekileyo, indawo yaseMerika phaya, yokutyela. Encinci, benendawo encinci, ivenkilana, ivulwe bonke ubusuku. Xana ndangena phaya ngalaCawa, malunga nentsimbi yesibini emva kwemini, ngaphambi kokwehla ukuya kushumayela ngala mvakwemini, ndandifumaneke kakhulu, ndandingayazi emandiyenze.

177 Ndangena, kwaye into yokuqala endayiqaphelayo yayilinenekazi eliselitsha malunga neshumi elinesithandathu, ishumi elinesibhozo leminyaka ubudala, isthandwa sotata othile, isthandwa somama othile, imile emva phaya kunye nenkwenkwe, inezandla zayo zijikeliswe emahlezeni ayo. Igquba labasafikisayo behleli e—ekhawuntareni.

178 Ndeva umatshini wokungcakaza. Ndajonga ng*apha*, kwaye kwakukho indoda elipolisa imile phaya ingalo yayo ijikeleze umfazi, phezulu apha, Isinqe sakhe, kwaye lidlala umatshini wokungcakaza. Ngoku, niyazi ukuba ukungcakaza kunye nomatshini wokungcakaza awukho semthethweni e-Ohio, nina bantu base Buckeye apha. Kwaye niyayazi ayikho semthethweni. kwaye nanku apha umthetho, udlala umatshini

wokungcakaza; kwaye indoda eyintanga yam, mhlawumbi itshatile, imfumba yabantwana, mhlawumbi utatomkhulu. Indoda elipolisa, unogada wasendleleni, edlala umatshini wokungcakaza. Kwakukho lowa usemtsha . . . Yintoni ofikisayo ayenzayo? Yintoni lena yenziwayo?

179 Ndema phaya. Akukho mntu owandiqaphelayo ndingena, babexakekile, isiqingatha sabo benxilile. Ke, ndabukela. Ndeva umntu othile esithi, "Ke, ucinga ukuba imvula iyakusonakalisa isityalo?" Ndaze ndabhekabheka ngapha, kwaye apha kuhleli inenekazi lihleli phaya, inenekazi elidala, ngenene . . . Belinamashumi amathandathu anesihlanu, amashumi asixhenxe, ukusondela kuyo. Kwaye inenekazi elulusizi . . . Andibeki tyala namnye ekukhangelekeni kubungcono babo. Kodwa xana lona . . . Lalizilungisile, lenza iinwele zalo zaluhlaza, zaluhlaza ngenene ukujongeka. Kwaye konke kunqunqiwe, kumphezulu, kwaye kwenziwa kwaluhlaza ngenene. Kwaye lalinobungqindilili ngenene ukuziqaba, okanye into okubiza kona into ebekwe ebusweni balo, kunye namachaphaza amakhulu. Kwaye lalikwibhlukhwana ezincinci ezimfutshane, kwaye usizi lwento endala yayishwabene de inyama, ijinge, inyama yayijinga *ngolwa*hlobo emilenzeni yalo. Kwaye lalinxilile. Lalihleli phaya kunye nendoda endala, kwaye kwakukwixesha lasehlotyeni, kunye nenye yezi zindala, zingwevu iidyasi zasemkhosini iyinxibile, okanye ibala lempahla yasemkhosini. Yayijinga *ngolwa*hlobo, kunye neskhafu esikhulu sibhijele intamo. Benxilile, bobabini, kwaye babekunye nolu sizi lomfazi.

180 Ndema phaya ndaza ndabhekabheka. Ndathi, "Thixo, Ungamelana njani nayo? Yintoni—yintoni . . . Uyijonga njani into enjeya ngaleyo? Xana, indenza mna, umoni osindiswe ngobabalo, acinge okuya, ungathini—thini Wena ukujonga kuyo? Kutheni, ikhangeleka ngathi Uyakuyigqabhuza into ivuleke. Ingaba uRebekah wam omncinci noSarah kufuneka bakhule phantsi kola hlobo lwempembelelo? Ingaba amantombi am amabini amancinci kufuneka adibane ne—nelidumileyo, ukwaziwa, ihlabathi njengokuba linjalo namhlanje, apho abantu benza ngolwahlobo? Thixo, ndingaze ndithini . . . yintoni emandiyenze?"

Kadade, lubabalo Lwakhe. Ukuba babekelwe uBomi obunguNaphakade, bayakuza kubo. Ukuba babengabekelwanga, abasayi kuza. Andiyazi. Kuxhomekeke kuwe Thixo. Ndiyakwenza indawo yam.

181 Ndacinga, "Ungamelana njani nayo Wena, Thixo? Kukhangeleka ngathi Ungcwele kakhulu okokuba Uyakutshayela la nto isuke ehlabathini." Ndathi, "Jonga kula makhulu ulusizi uhleli phaya. Jonga kulantombi eselula emva phaya. Kwaye nanku umfazi emile apha, mhlawumbi amashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala. Kwaye ela

polisa lineengalo zalo zijikeleze esinqeni, lidlala umatshini wokungcakaza. Kwaye *nankuya* umthetho; isizwe simkile. *Nabuya* ubuzali bumkile. *Nabuya* ubudala bumkile. Kwaye *nantsiya* intombi esentsha ihleli emva phaya, kwaye imkile. Jonga kumakhwenkwe, xana ebefanele ukuba secaweni okanye ndaweni ithile."

182 Ndathi, "Owu Thixo, yintoni endingayenza? Kwaye naku ndikwesi sixeko, ndikhala ngentliziyo yam yonke, kwaye abayihoyi baze bahambe ngokungathi babe. . . " Ndacinga, "Kulungile, Thixo?"

183 Ke, emva koko ingcinga yafika, "Ukuba bendingababizanga, bazakuza njani? Bonke athe uBawo waNdinika bona bayakuza. 'Ninamehlo kodwa aniboni, iindlebe kwaye anikwazi kuva.'"

184 Ndacinga, "Kulungile, ukuba uMongameli welizwe ebeyakuza esixekweni endaweni yemvuselelo, wonke umntu ebeyakuphuma. Owu, ngokuqinisekileyo, oko kulihlabathi."

185 Emva koko ndangena ekucingeni, "Ke, Thixo, njani, kutheni ungasuki Uye, uze, uthumele uYesu size siyiphelise? Nje aku—nje uhambe uyiphelise, uze uyenze imke?"

186 Ngoko ndaqalisa ukubona into ethile ishukuma phambi kwam. Yakhangeleka njengesaqhwithi esincinci sijikeleza ngokufana *noku*. Ndaqhubeka ndisibukele. Ndabona ihlabathi liphethuka kwaye liphethuka. Ndalibukela, kwaye apho lalitshiza into ethile. Ndajonga, kwaye yayingumtshizo obumvu, iGazi elingqombela, ukunqumla, ukujikeleza ihlabathi lonke; kanye njengesaqhwithi siqhubeka, nje ngothuli lwecomet, kwaye yayinesaqhwithi kuyo ngokufana *noku*. Ndaza ndajonga kwesi saqhwithi. Kwaye nje entla kwaso, ndabona uYesu embonweni. Wayejonge ezantsi. Kwaye ndazibona mna ndimi ezantsi apha emhlabeni, ndisenza izinto endingafanelanga ndizenze. Kwaye lonke ixesha endathi ndona, uThixo ebeyakundibulala, "Kuba, ngemini othe wadla kuwo, kumhla usifa." Kwaye ubungcwele bukaThixo nobulungisa bufuna, kwaye kufanele ufe. Kwaye ngoko ndajonga phaya. Ndaqhubeka ndihlikihla amehlo am. Ndathi, "Andi. . . Andizange ndiye kulala. Ndi. . . Ngumbono. Ndiqinisekile lona ngumbono."

187 Ndaqhubeka ndibukele, njengoko ndandime ngasemva kwecango. Kwaye ndabona izono ezizezam zivela. Kwaye lonke ixesha beziyakuqalisa ukubetha iTrone, iGazi Lakhe belisebenza njengesikhuseli kwimoto. Lasibamba, kwaye bendiyakuLibona lishukuma, kanye iGazi beliyakuhla ngobuso Bakhe. Kwaye ndabona Yena ephakamisa izandla Zakhe, kwaye esithi, "Bawo, mxolele, akayazi into ayenzayo."

188 Ndazibona ndisenza into ethile engenye, yamshukumisa Yena kwakhona, yangqubeka. Ibiyaku, uThixo ebeya kundibulala kanye ngoko, kodwa iGazi Lakhe lalindibamba. Lalibambe izono zam. Ndacinga, "Owu Thixo, ingaba

ndikwenzile okuya? Ngokuqinisekileyo yayingendim." Kodwa yayindim.

189 Emva koko ndemka ndihamba ngokufana *noku*, njengathi ndandiphumela kwela gumbi, kwaye ndahambela kufutshane naye. Ndabona incwadi ilele phaya, yayinegama lam kuyo, kunye nazo zonke iintlobo zemibhalo emnyama ibhalwe ukunqumleza yona. Ndathi, "Nkosi, ndiyaxolisa ngokwenza oku. Ingaba izono zam zenze Wena wenza okuya? Ingaba ndijikelezisa iGazi Lakho kwihlabathi? Ingaba—ingaba ndikwenzile oku kuWe, Nkosi? Ndiyaxolisa kakhulu ngokuba ndiyenzile." Waza wasondela. Ndathi, "Ingaba uyakundixolela Wena? Bendingabhekiselelanga kuyenza. Ndiya . . . Wena, ngobabalo Lwakho, ndiyakuzama ukuba yinkwenkwe engcono ukuba nje Wena uyakundinceda."

190 Wathabatha isandla Sakhe waze wampampatha ecaleni Lakhe, wathabatha umnwe Wakhe waze wabhala "uxolelwe" encwadini yam; wayigibisela ngaphaya emva Kwakhe, uLwandle Lokulibala. Ndayibukela kancinanana. Waze Wathi, "Ngoku, ndiyakuxolela, kodwa ufuna ukumohlwaya yena." Yabona? Wathi, "Uxolelwe, kodwa malunga naphi naye? Ufuna ukumvuthulula. Ubungafuni ukuba yena aphile."

191 Ndacinga, "Owu Thixo, ndixolele. Bendingabhekiselanga ekucingeni oko. Bendingafuni kukwenza okuya. Be—be—bendingafuni kukwenza okuya."

192 "Uxolelwe. Uziva kamnandi. Kodwa malunga naphi naye? Uyaludinga, naye. Uyaludinga."

193 "Ke," ndacinga, "Thixo, ndingathini ukuyazi ngubani Wena ombizileyo, kwaye ngubani Wena ongambizanga?" Ngumsebenzi wam ukuthetha nomntu wonke.

194 Ke, xana umbono wandishiyayo, ndaya ngaphaya kuye. Ndathi, "Unjani, nenekazi?" Kwaye wona amadoda amabini ayebheke kwigumbi langasese. Kwaye bona . . . Wayehleli phaya, ekhutywa, uyazi, ehleka. Imbhodlela yerhangqa ihleli etafileni, okanye ibhiya, yayiyiyo, utywala buhleli phaya, apho babeselela khona. Ndenyuka. Ndathi, "Unjani?"

Laze lathi, "Owu, molo."

Ndaza ndathi, "Ndingahlala phantsi?"

Lathi, "Owu, ndinabantu."

Ndathi, "Bendingathethi ngala ndlela, dade."

Lajonga kum xana ndalibiza "dade." Lathi, "Ufuna ntoni?"

Ndathi, "Ndingakhe ndihlale phantsi nje umzuzu?"

Lathi, "Zincede." Ndaza ndahlala phantsi.

Ndalixelela okwenzekileyo. Lathi, "Ungubani igama lakho?"

Ndathi, "Branham."

Lathi, "Ingaba uyindoda ezantsi apha kweli holo?"

Ndathi, "Ewe, mama."

195 Lathi, "Bendifuna ukwehla ndiye phaya." Lathi, "Mnu. Branham, ndandikhuliswe kusapho lobuKristu." Lathi, "Ndineentombi ezimbini eziselula ezingamaKristu. Kodwa ezithile, ezithile izinto zenzekile," laze langena kwindlela engalunganga, okanye laqalisa.

196 Ndathi, "Kodwa, dade, andikhathali, iGazi lisakujikelezile. Eli hlabathi ligutyungelwe liGazi." Ukuba Belingenzanga, uThixo ngebe esibulele, sonke ngamnye. Yena . . . Xana ela Gazi lisuswa, khangela umgwebo. Kodwa ngoku, ukuba uyafa ngaphandle kwela Gazi, uya ngaphaya kwala ndawo, emva koko akukho nto yokwenzela wena. Namhlanje iGazi lisebenza endaweni yakho. Ndathi, "Nenekazi, ngokuqinisekileyo, iGazi lisakugubungele. Okoko nje usenomoya owuphefumlayo emzimbeni wakho, iGazi likugubungele. Kodwa ngenye imini xana umoya owuphefumlayo usimka apha, umphefumlo uyaphuma, uyakuya ngaphaya kwelaGazi, kwaye akukho nto kuphela ngumgwebo. Ngelixa usenethuba loxolelo . . . " Kwaye ndalithabatha ngesandla.

197 Lalilila, lathi, "Mnu. Branham, ndiyasela."

198 Ndathi, "Ako akuvisi buhlungu. *Into ethile engenye* indiyalile ukuba ndize kukuxelela." Ndathi, "UThixo, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, wakubiza, dade. Kwaye wenza okungalunganga, kwaye uyenza nje mandundu."

199 Lathi, "Ucinga uyakundamnkela Yena?"

200 Ndathi, "Ngokuqinisekileyo, uyakukwamkela Yena."

201 Phaya emadolweni alo, saguqa embindini walamgangatho, kwaye owefashoni endala umhlangano womthandazo. Elapolisa lothula umnqwazi walo laqubuda ngedolo elinye. Phaya saba nomhlangano womthandazo, kulandawo. Ngoba? UThixo ungozimele geqe.

"Ukubekela ecaleni le misebenzi ifileyo, masiye kwingqibelelo."

202 Masiye kulammango apho ezi, "Ndingowecawa; ndingow*okuya*," konke kuphelile. Kwaye masiye kwingqibelelo.

203 Sihlobo sam esingumoni, ukuba akunalo iGazi namhlanje, akunalo usindiso, akunalo ubabalo, iGazi likaYesu Kristu likubambile. Uthi, "Kulungile, ndibhungcile lonke eli xesha." Kodwa ngenye imini uya apho kungekho nto eyakukwenzela ngoko.

Masithandazeni ngoku, ngelixa siqubuda iintloko zethu.

204 Ingaba ukhona, ongathanda, omnye apha namhlanje ongathanda ukuthi, "Thixo yiba nenceba kum, ndiyaqonda ukuba ndenze okungalunganga"? Mhlawumbi ujoyine

icawa. Konke oko kulungile. Kodwa ukuba akwamkelanga ubabalo lukaKristu, ungaphakamisa isandla sakho uze uthi, "Ndithandazele, Mzalwana uBranham"? UThixo akusikele, mnumzana. UThixo akusikele, nenekazi. Ilungile lonto. Musa . . . UThixo akusikelele, mhlekazi, emva phaya. UThixo akusikelele, kunye nawe. Emva kakhulu ngasemva, ewe, uThixo akusikelele. Phakamisa isandla sakho. Ilungile lonto. Beka nje isandla sakho phezulu, uze uthi, "Thixo, yiba nenceba kum."

205 Nithi, "Ndingowebandla, Mzalwana uBranham. Ewe, ndi—ndizamile ukuba ngolungileyo, kodwa andiyazi, ndibonile nje, ikhangeleka ngathi, andinakuyenza." Owu, sizi lomphambukeli, sizi lwentothololo yomhlobo, akuzange wawubona ngenene umbono okwakalokunje.

206 Uthi, "Mzalwana uBranham, ndikhwazile. Ndithethe ngeelwimi. Ndikwenzile konke oku." Oko kungabe yinyaniso, nako. Konke oko kulungile, akukho nto yakutsho ngokuchasene nayo.

Kodwa, sihlobo sam, sihlobo esilahlekileyo, kodwa, ukuthetha ngeelwimi, okanye ukuxhawula, okanye ukuxhawula izandla, okanye ukubhaptizwa, okuya, okuya konke kulungile. Kodwa, ukumazi Yena, kukwazi uMntu. "Ukwazi Yena buBomi."

207 Uthi, "Ndiyayazi iBhayibhile, kakuhle ngenene." Kuhle, ukwazi iBhayibhile, asiboBomi. "Ukwazi Yena," isimela bizo somntu, "ukwazi Yena, uKristu," ukwazi ukuba Yena ukuxolele.

Ningaphakamisa nje izandla zenu, kwakhona, omnye umntu? UThixo akusikelele, nenekazi. UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele ngaphaya, mzalwana. UThixo akusikelele emva phaya, mfo oselula. UThixo akusikelele ngaphaya, dade. UThixo akusikelele, emva kakhulu ngasemva, phaya. Kulungile oko. "Ukwazi Yena, buBomi."

"Mzalwana uBranham, ndikhumbule. Mna ngoku, kanye apha esitulweni sam, ndizakwamnkela uKristu."

208 Yithi, "Yiza entliziyweni yam, Nkosi Yesu, uze undinike olwa xolo, obuya bumnandi." Yiya ecaweni, udlale umculo ngamandla kangoko unakho, udanisa ukunyuka usehla, ubaleka phakathi kwezitulo; ugoduke, ukhathazeke, upenapene, kwaye uxambule, asibobuKristu obo. Uya ecaweni, uhlale kwaye uphulaphule kwethile encinci intshumayelo malunga nendlela ibhulorho ezakupeyintwa ngayo, okanye *into ethile-engenye*, efana naleyo, ungasokuze uve iLizwi. ILizwi lizisa uBomi. YiMbewu. Akulufuni uxolo?

209 Ingaba ukhathazwa malunga nokufa? Uyakuhlaselwa yintliziyo namhlanje, ingaba iyakukhathaza? Okanye uyakuvuya, ukuthi, "Ndizayokuba kunye neNkosi uYesu ekupheleni kwale ndlela"? Ingaba uyamazi Yena? Ukuba

akumazi, phakamisa nje isandla sakho. Sizakukucelela umthandazo. Ewe, mzalwana, nawe, ngokwakho.

210 Kulungile, entliziyweni yakho ngoku.

> Njengoko ndinjalo, ngaphandle kwaso nasinye isibongozo,
> Kodwa iGazi Lakho laphalazelwa (kusenzelwa bani?) mna,
> Ngokuba ndiyathembisa, ndiyakukholwa,
> Owu Mvana, Owu Mvana kaThixo, ndiyeza. Ndiyeza, ngokuthozamileyo, nangenceba.
>
> Njengoko . . .

Hamba nje uye kuYe, ngokholo. Kholwa ukuba Yena umile kanye phaya ngasecaleni lakho. Unguye.

> . . .-langa nto
> Ukususa umphefumlo wam (kangakanani ngoku?) komnye . . . (umsindo, nolunya),
> KuYe OGazi lingacoca sonke isiphako,
> Owu Mvana . . .

211 "Ngokholo ndiyakuya emnqamlezweni, ngale ntsasa. Ndibeka imithwalo yam phantsi. Ndiyeza." UThixo akusikelele emva phaya. Kulungile oko. [UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela *Njengoko Ndinjalo*—Mhl.] Sukuba ngongakhathaliyo ngoku. Ngomdla, ngokumnandi, hamba unyukele emnqamlezweni.

212 KwiTestamente Endala, babesizisa imvana. Babeyazi ukuba babonile, babeyazi ngemithetho. Niyayazi ngoku, ngokuba uThixo uthethile entliziyweni yenu. Bajonga emithethweni, "Uze ungakrexezi. Uze ungenzi *nje-na-nje*." Kwaye bathabatha imvana, baya baze babeka izandla zabo kwimvana, umbingeleli anqumle umqala. Umfo omncinci wayekhabalaza, kwaye esopha, kwaye ekhala, kwaye esifa. Izandla zakhe zazigqunywe ligazi zonke. Imvana yayifile endaweni yakhe, kodwa waphuma kunye nomnqweno okwamnye wokusenza kwakhona.

213 Kodwa kule ndawo, siza ngokholo ngalo ubabalo. UThixo usibizile. Sibeka izandla zethu kwintloko yeMvana kaThixo. Siyakuva okwakujiwuzisa kwesando. Siyaliva elaZwi, "Ndinxaniwe; Ndiphe amanzi. Bawo, uze ungasibeki kubo esisono; abakwazi abakwenzayo." Yabona? Ngokholo, siva ngokuvakalelwa ukufa kwakhe phaya endaweni yethu. Kude emazantsi entliziyo yethu kuza ubunzulu, oluzinzileyo uxolo, xana iZwi lisithi, "Uxolelwe ngoku. Hamba uze ungabuyi wone kwakhona." Kanjani, ngobabalo, ngoko, siyahamba simke singenamnqweno ukwamnye, kodwa umnqweno wokungaphindi sone kwakhona okanye senza nantoni engalunganga. Uxolo olugqitha konke ukuqonda, lungene entliziyweni yethu.

Nanga ningamkela Lona ngoku ngelixa sithandazayo, wonke umntu, ngokudibeneyo.

214 Bawo waseZulwini, bayeza ngokholo, ngalo ubabalo. Kukho iqela lezandla ezibheke phezulu. Ziziqhamo zoMyalezo. Bayeza kuWe. Bayakholwa. Ndiyakholwa kubo, nam, Nkosi. Ndiyakholwa ukuba, ngenyaniso, uMoya oyiNgcwele uthethile kubo. Kwaye ngokholo bayenyukela kanye ngeleli kaYakobi ngoku, ukwenyukela kanye ezinyaweni zomnqamlezo, phaya babeka phantsi zonke izono zabo, kwaye besithi, "Nkosi, kungaphezu kwam. Andinakho nje ukuwuthwala kwakhona. Kwaye ungasusa umthwalo wam wesono, kwaye ukhuphele ngaphandle kwentliziyo yam umnqweno wokwenza njalo? Uze undenze, ngokholo, ngale mini, ndamnkele Wena njengoMsindisi wam. Kwaye ukususela ngoko ukubheka phambili, ndiyakukulandela Wena yonke imayile yendlela, ukuya ekupheleni kohambo. Ndikrwaqule oko kuthetha kona 'ukuya kwingqibelelo,' hayi ukuya ecaweni, kunye neengcambu zemisebenzi efileyo njengeembaptizo nanjalo njalo. Kodwa ndifuna ukuqhubeka, ndide ndingabikho, aze uKristu aphile ngaphakathi kum."

215 Owu Yesu, nikeza oku kuyo wonke umphefumlo owohlwayekileyo, ngale ntsasa. Wonke ubani ophakamise izandla zakhe uyakwamnkela uBomi obunguNaphakade ngokuba Wena uthembisile oko. Benze ulwamkelo lwasesidlangalaleni. Baphakamise izandla zabo. Bophule yonke imithetho yodontso lomhlaba. Benze inzululwazi yaziva hlazekileyo, kuba inzululwazi ithi, "Iingalo zakho kufanele zijingele ezantsi." Yonke into iyakukuqondakalisa oko kwinzululwazi, okokuba ifanele ihlale emhlabeni, ngokuba udontso lomhlaba luyigcina ezantsi. Kodwa kubekho umoya kubo owenze isigqibo, kwaye banyevulela imithetho yodontso lomhlaba, baze baphakamisa izandla zabo. Uyayibona, Nkosi. Ubeka igama labo eNcwadini. "Baxolelwe." Incwadi endala ibuyele kuLwandle Lokulibala ngoku, ingasokuze ikhunjulwe kwakhona. Mabahambele phambili namhlanje, njenganothando, nobubele amaKristu, ukwenzela ukukhonza Wena. Kwaye mhlawumbi abaninzi abangaphakamisanga isandla sabo, banike nabo ngokunjalo.

216 Yenza abangcwele bahambele nje kufutshane, Nkosi, kuba silusuku olunye kufutshane neKhaya kunokuba besinjalo izolo. Yiba nathi, Nkosi, kuba sikucela oko eGameni likaKristu nokwenzela uzuko Lakhe. Amen.

AmaHebhere, Isahluko seSihlanu neseSithandathu 1 XHO57-0908M
(Hebrews, Chapter Five and Six [1])
Imiqulu yeNcwadi YamaHebhere

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa kusasa, ngoSeptemba we-8, ngowe-1957, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2022 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org